



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

NOVEMBA 2013

IMEMORANDAM

AMANQAKU: 80

Le memorandam inamaphepha ama-7.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**UMBUZO 1**

- 1.1.1 Lathunyelwa eyunivesithi ukuba liphucule ikamva lalo✓/lathunyelwa eyunivesithi ukuze luncede usapho lwalov✓/liyokufunda.✓ (1)
- 1.1.2 Laqala ngokuzibandakanya neqela labafundi abangendawo.✓ (1)
- 1.1.3 Laliziva lingenamandla akwenza nto✓/lalingaliboni linempumelelo ikamva lalo✓/lalixakiwe lingazi ukuba lenze ntoni.✓ (1)
- 1.1.4 Into ebuhlungu kukuba imeko yalo yayingabonakalisi themba, liziva livalelekile kukungazi ukuba maliqale njani ukuziphucula nokuziphuhlisa.✓ (1)
- 1.1.5 Kwalikhokelela ekubeni liye kwiindawo ngeendawo lade lazifumana likwindawo elingazange lizingengele ukuba lingaba kuyo.✓ (1)
- 1.1.6 Yinyani.✓ (1)
- 1.1.7 C✓/C izigqibo esizithathayo, nokuba zincinci okanye zikhulu zichaphazela ubomi bethu✓/izigqibo esizithathayo, nokuba zincinci okanye zikhulu zichaphazela ubomi bethu.✓ (1)
- 1.1.8 ... ngeentlontlo.✓ (1)
- 1.1.9 Uluphikisa ngamazwi athi, ... kodwa ndicinga ukuba okwenzekileyo kusisiphumo seziggibo zethu.✓✓ (2)
- 1.1.10 Lithetha ukosulela ngesenko ekukholelwa ukuba usenzile✓✓/ lithetha ukuba kuthiwa uyenzile into nokuba akuqinisekwanga.✓✓ (2)
- 1.1.11 B Isiphumo.✓
A Isigqibo.✓ (2)
- 1.1.12 Sesokuba ukungasithathi isigqibo kusisigqibo nako.✓ (1)
- 1.1.13 Kuyanceda kuba kukunika uqikelelo lokuba isigqibo esithile kwimeko ethile singaneziphumo ezinjani na.✓✓/uzilumkele uthabathe izigqibo ezilungleyo ukuze ube neziphumo ezincumisayo✓✓/uqonde ukuba kwisigqibo ngasinye osithathayo kukho isiphumo.✓✓ (2)
- 1.1.14 Kukuba xa ucinga ngengqondo wenza izigqibo ezizizo, ukanti xa ucinga ngeemvakalelo ukubona ngokukuko kuyacutheka.✓✓ (2)

- 1.1.15 Kungcono ukucetyiswa ngumntu ombonayo kuba uyakubona indlela ovakalelwo ngayo.✓✓

OKANYE

Kungcono ukucetyiswa ngumntu ongamaziyo kuba ngoyena uza kukwazi ukukhupha imbilini yakho kuye ungenazintloni ukhululekile.✓✓/kungcono kuba usenokuba nethamsanqa ufumane umntu okufundeleyo ukunika iingcebiso ezimalunga nalo ngxaki yakho.✓✓

[Nayiphi na impendulo echanekileyo iya kwamkeleka]

(2)

- 1.1.16 Ewe lubalulekile kuba lunika uncedo ngeendlela zokwenza izigqibo ezizizo apha ebomini.✓✓

(2)

ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO

- | | | | |
|-----|-------|-----------------------------------------------------------|-----|
| 1.2 | 1.2.1 | Ugqirha wamazinyo ukhupha umntu izinyo ngesilingi.✓ | (1) |
| | 1.2.2 | Sisilingi sokudubula iintaka✓/sisilingi.✓ | (1) |
| | 1.2.3 | Asifanelekanga.✓Asisosixhobo sokukhupha amazinyo.✓ | (2) |
| | 1.2.4 | B✓/B ngugqirha ongaphelelanga✓/ngugqirha ongaphelelanga.✓ | (1) |
| | 1.2.5 | Ngelitye.✓ | (1) |
| | 1.2.6 | Qiniseka ngoncedo olufumanayo nomntu olunikayo.✓ | (1) |

AMANQAKU EWONKE: **30**

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

UMBUZO 2

Amanqaku abiwa ngolu hlobo lulandelayo:

- **Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7.**
- **Amanqaku ama-3 olwimi.**
- **Izohlwayo:**
 - Xa umlingwa ecaphule **izivakalisi ezipheleleyo** ngobunjalo bazo, kuya kuthatyathwa amanqaku ngolu hlobo:
 - ❖ 1–3 izivakalisi: akuthatyathwa manqaku.
 - ❖ 4–5 izivakalisi: thabatha 1 inqaku.
 - ❖ 6–7 izivakalisi: thabatha 2 amanqaku.
 - Kwiziphene zolwimi (upelo, iziphumlisi negrama): thabatha kumanqaku amathathu abelwe ulwimi ngolu hlobo:
 - ❖ Iziphene ukusuka ku-0–4 akuthatyathwa manqaku.
 - ❖ Iziphene ezi-5–10 thabatha inqaku eli-1.
 - ❖ Iziphene ezi-11–15 thabatha amanqaku ama-2.
 - ❖ Iziphene ezi-16 nangaphezulu thabatha amanqaku ama-3.
 - Ukuthintela ukuba umvavanywa angafumani amanqaku amaninzi kulwimi ngaphezu kwawesishwankathelo, amanqaku olwimi makabiwe ngolu hlobo lulandelayo:-
 - ❖ Inqaku eli-1 lolwimi malinikwe ngengongoma e-1 ukuya kwezi-3 ezichanekileyo.
 - ❖ Amanqaku ama-2 olwimi makanikwe ngeengongoma ezi-4 ukuya kwezi-5 ezichanekileyo.
 - ❖ Amanqaku ama-3 olwimi makanikwe ngeengongoma ezi-6 ukuya kwezi-7 ezichanekileyo.

QAPHELA: Izifinyezi okanye ii-akhronimi mazingasetyenziswa kodwa ukuba zithe zavela kwisishwankathelo mazibalwe ngokwamagama eziwameleyo.

Nanga amanyathelo ekufuneka uwalandele xa ushwankathela:

- Nyathela kwiingongoma eziphambili usebenzisa awakho amazwi.
 - Shwankathela ngeengongoma ezsixhenxe.
 - Shwankathela ngamagama angadlulanga kuma-60.
 - Sebenzisa ulwimi olusulungekileyo.
 - Bhala usebenzisa izivakalisi ezipheleleyo.
 - Upelo, iziphumlisi, ulwahlulo lwamagama malujongwe.
1. Abafundi bayaxakeka yinto abaza kuyenza xa bephumelele imatriki.
 2. Abanye bazazi besakhula ukuba bafuna ukwenza ntoni, abanye batshintshe bakufika eKholejini.
 3. Bamalunga ne75% abafundi abatshintshayo ngokokutsho kweengcali.
 4. Cwangcisa kwanethuba xa uza kuya eKholejini.
 5. Yenza uphando ngesikolo osifunayo, ujonde kwiwebhusayithi yaso okanye usindwendwele.
 6. Xa ungekaqiniseki yinto ofuna ukuyenza ungathatha *i 'gap year'*.
 7. Ukuba awuvani nabazali ngezicwangciso zakho zobomi, thetha nabo kakuhle niqondane.

QAPHELA:

• **Imo:**

Nokuba isishwankathelo sibhalwe ngemo engachanekanga, masiphononongwe.

• **Ubalo-magama**

- Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
- Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.

Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ukuya kumagama ama-5 ngaphezulu kwaqingqiweyo ungawahoyi alandelayo.

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: ULWIMI

UMBUZO 3

- 3.1 Sithengisa imveliso yakwaNedbank iNedbank Ke Yona.√/sithengisa indlela yokonga imali i-Just save√/sithengisa i-akhawunti iJust save.√ (1)
- 3.2 Ngabo nabaphi abantu abafuna ukonga imali kuba wonke umntu liyamfikela ixesha likaxakeka√/ngabantu abatsha kuba kuvezwe umfanekiso womntu omtsha√/ngabafundi beBona magazine kuba sibhengezwe kuyo√/ngabantu abafumana imali encinci kuba ibalungele√. (2)
- 3.3 Ngobomi obungcono√/ngokuba nemali ngexesha lobunzima.√ (1)
- 3.4 Yongela amaxesha kaxakeka.√ (1)
- 3.5 Ufuna abaxhasi beze ngobuninzi bengaqpahelanga ukuba kufunwa imali√/izibhengezo ziyayifihla into efunwa kuwe√/imimiselo nemiqathango.√ (1)
- 3.6 Kukuloba abantu√/kukutsala abantu√/kukubiza abantu√/kukuhombisa isibhengezo.√ (1)
- 3.7 Sisetyenziselwe ukubonisa ukwenza into usenzela into ethile√/sisetyenziselwe ukubonisa ukwenzela omnye umntu into.√ (1)
- 3.8 A Ukucacisa isenzi√/A√/Ukucacisa isenzi.√ (1)
- 3.9 Uya kuyidinga.√ (1)
- [10]

UMBUZO 4

- 4.1 Ngutitshalakazi√/ngumakhulu√/ngumzali wakhe.√ (1)
- 4.2 A√/A ukukruquka kwesithethi√/ukukruquka kwesithethi.√ (1)
- 4.3 Ufanelekile, kuba uya kuncedakala afunde izifundo eziza kumenza ayilungele le nkulungwane izayo√/kuba ngumbuzo olunawo lonke ulutsha lo malunga nezfundo zalo.√√

OKANYE

Awufanelekanga, kuba imfundu oyifumana ngoku uyakwazi ukuyisebenzisa nakwixesha elizayo. √√

- [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 4.4 Iziphumo zakho zixhomekeka kwindlela osebenza ngayo.√√ (2)
- 4.5 Udikiwe√/ukruqukile.√ (1)

- 4.6 Luswazi.✓ (1)
4.7 Uyagxininisa.✓ (1)
4.8 Akayamkeli.✓ (1)
[10]

UMBUZO 5

- 5.1 5.1.1 Eli ✓- isimelabizo sokwalatha✓/sokukhomba.✓ (2)
5.1.2 Isinciphiso.✓ (1)
5.1.3 Abantu mabafundiswe isiNgesi **kuba** abasazi.✓ (1)
5.1.4 Sikuhlobo lokukhankanya.✓ (1)
5.1.5 Erestyu✓/phantsi.✓ (1)
5.1.6 **Ibala** lokudlalela ibhola liyalungiswa✓/ibala lelokewe yam libomvu✓/
andikhange ndiyilindele le yokubekwa ibala ngento
endingayenzanga✓/le bhatyi inebala elingasukiyo.✓
[Nasiphi na isivakalisi esichanekileyo siya kwamkeleka] (1)
5.1.7 Phantsi✓, ingxaki✓, othenga.✓ (3)
5.1.8 'Le nto' sisimelabizo sokukhomba esilandelwa sisibizo, kanti u
'lento sisimnini'.✓✓ (2)
5.1.9 Sisimnini.✓ (1)
5.1.10 Wonwaya.✓ (1)
- 5.2 5.2.1 Amakhaya.✓ (1)
5.2.2 B✓/B yindlu enkulu entle✓/yindlu enkulu entle.✓ (1)
5.2.3 UAaron akavulanga zandla✓/uAaron akazivulanga izandla.✓ (1)
5.2.4 Wonwabile✓/wonwaba✓/wonwabe.✓ (1)
5.2.5 UAaron uthe izulwana lakhe linamagumbi amabini okulala.✓✓ (2)
[20]

AMANQAKU ECANDELO C: **40**
AMANQAKU EWONKE: **80**



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

NOVEMBA 2013

AMANQAKU: 80

IXESHA: 2 iiyure

Olu viwo lunamaphepha ali-14.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo linama CANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A:	Uvavanyo lokuqonda	(30)
ICANDELO B:	Isishwankathelo	(10)
ICANDELO C:	Ulwimi	(40)

2. Funda YONKE imiyalelo ngononophelo.
3. Phendula YONKE imibuzo.
4. Krwela umgca ekupheleni kwecandelo NGALINYE.
5. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
6. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
7. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.
8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.
9. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**UMBUZO 1**

1.1 Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

IZIGQIBO ESIZENZAYO

- 1 Ndisandul'ukufunda ngegqiyazana eliselula eliphelelwe lithemba. Lathunyelwa eyunivesithi nguninakhulu ukuze liphucule ikamva lalo lincede nosapho lwalo lakube ligqibe ukufunda. Eli nenekazi layilibala ngokukhawuleza le nto laliyiyele apho eyunivesithi. Laqala ngokuzibandakanya neqela labafundi abangendawo, lathengisa iziyobisi, lingaziyekanga ukuzisebenzisa. Emva koko laqalisa ukuthengisa ngomzimba walo.
- 2 Into ebuhlungu kukuba imeko yalo yayingabonakalisi themba, liziva livalelekile kukungazi ukuba maliqale njani ukuziphucula nokuziphuhlisa. Ukungena kwalo kule ndlela laqala ngesigqibo esasingenabungozi. Ngobunye ubusuku laggiba kwelokuba lizonwabise. Lazonwabiso, layitya lade layiggiba tu imali yalo yesikolo yonyaka. Likhangeli iindlela zokwenza imali ezikhawulezileyo, lisiya kwiindawo ngeendawo lade lazifumana kwindawo elingazange lizingele ukuba lingaba kuyo.
- 3 Ubomi bululuhlu lwezigqibo ezikhulu nezincinci. Xa ndicinga ngento endiqqiba ukuyifunda, ndifumanisa ukuba iziqqibo ezikhangeleka zilula kakhulu zingakukhokelela kwiziphumo ezibuhlungu nezixakekisa kakhulu. Ezinye iziqqibo zinempembelelo encinci ebomini bethu. Ezinye zisichaphazela ixesha elide kwaye ezinye zingadala iziphumo ezingenakukwazi ukubuyiselwa umva.
- 4 Amakholwa amaninzi akholelwa ekuben uMdali nguye ogqibayo ngobomi bomntu ngamnye oza emhlaben. Ngamanye amazwi, yonke into eza kwenzeka sele yaggitywa kwangaphambili. Andifuni kugxibha okanye kutyhola mntu, kodwa ndicinga ukuba okwenzekileyo kusisiphumo seziqqibo zethu. Xa umntu egqiba kwelokuba aqhube imoto ezitshize ngeenyembezi zikaVitoliya, sukuba ezikhethela ukungena engozini. Kunjalo nakwabo bathetha okanye bathumela imiyalezo kwiiselfowuni zabo beqhuba.
- 5 Into engummiselo yona ziziphumo zezigqibo zethu. Umfundu ogqiba kwelokuba makonwabe endaweni yokuba afunde, ukhetha ukungaphumeleli kwizifundo zakhe. Umntu ogqiba kwelokwenza ulwaphulo-mthetho, nangona zikhawuleza zifezekiseke iinjongo zakhe uphelela kwsimnyama isisele. Kwelinye icala umntu okhetha indlela ethembekileyo, esokole enjalo, siyancumisa isipheho sakhe.

- 6 Into eyoyikisa kakhulu yeyokuba izigqibo zakho zingangachaphazeli wena wedwa zichaphazele wonke umntu okungqongileyo zide zichaphazele nezizukulwana ezingekazalwa. Ukukwazi ukwenza izigqibo sisipho esikhulu esisuka kuMdali. Sinakho ukuba sizakhele inyaniso yethu kwaye sitshintshe ihlabathi lethu, kodwa olo luxanduva olukhulu. Umba ophambili ayingowokuba uza kwenza isiggibo okanye awuzi kusenza, kukuba nokungasithathi isiggibo kukwasisiggibo esizifihlileyo.
- 7 Nazi ke izixhobo ezinokukunceda ukuba wenze izigqibo ezizizo. Okokuqala, kuphephe ukwenza izigqibo ezikhawulezileyo kuba ngokungxama wongeza amathuba akho okwenza izigqibo ezingezizo. Kufuneka uthathe ixesha elaneleyo uyijikajika into ekufuneka uthathe ngayo isiggibo. Isiggibo esikhawulezileyo sisekelwa kulwazi olungaphelelanga. Ukwenza uphando phambi kokuba uthathe izigqibo, kungakunceda wazi ukuba isiggibo esithile kwimeko ethile siba neziphumo ezinjani. Xa usenza izigqibo ezikhawulezileyo uzibona sele usenza nezigqibo ezisekelwe kwimvakalelo, hayi kwinyani. Ukuba uthatha ixesha elaneleyo, izinto zingacaca.
- 8 Okwesibini, cinga ngengqondo, hayi ngeemvakalelo. Kuphephe ukwenza izigqibo xa iimvakalelo zakho zichukumisekile; mhlawumbi xa ukhathazekile. Xa unomsindo, intlungu okanye usizi, akukwazi ukucinga phangaleleyo. Izigqibo zeemvakalelo ziphelela ekuzisoleni. Phucula ukucinga kwakho. Njengokuba usondla umzimba ngokutya okulungileyo ukuze uhlale usempilweni, ingqondo nayo kufuneka yondliwe ngolwazi olululo ukuze ithathe izigqibo ezizizo.
- 9 Okokuggibela, kubalulekile ukuba ufune umcebisi. Ukuba awunaye umcebisi, itekhnoloji inakho ukwenza ukuba ucetyiswe ngabantu mhlawumbi ongasoze udibane nabo. Maxa wambi asiwhayoi amacebo esiwanikwa felefele kuba sijonge umntu aphuma kuye singazazi ukuba siyazibulala. Nokuba icebo lisuka kumama ongazange aye esikolweni okanye kumsebenzi wegadi limamele hleze kuthi kanti lilo eliya kukusa empumelelweni. Khumbula, yikhathalele indlela owenza ngayo izigqibo zakho, ukuze uvune okukuko ekuhambeni kwexesha.

[Icatshulwe kwiBONA Epreli 2012; iphepha le-102, yahlelwa]

Jonga kumhlathi 1

- 1.1.1 Lalithunyelwe ngayiphi injongo eli gqiyazana eyunivesithi? (1)
- 1.1.2 Laqala ngokwenza ntoni eli gqiyazana phambi kokuba lithengise iziyobisi? (1)

Jonga kumhlathi 2

- 1.1.3 Cacisa eli binzana; '... liziva livalelekile.' (1)

1.1.4 Chonga isivakalisi esithetha ukuba eli nenekazi lalingazi ukuba malibutshintshe njani na ubomi balo. (1)

1.1.5 Urukhangela kwalo imali ngeendlela ezikhawulezileyo kwalikhokelela entwenini eli nenekazi? (1)

Jonga kumhlathi 3

1.1.6 Yinyani okanye luluvo oku kuthethwa sesi sivakalisi?

Ubomi bululuhlu Iwezigqibo ezikhulu nezincinci. (1)

1.1.7 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo.

Owona mba uphambili kulo mhlathi kukuba:

A Ukuthatha iziggibo kufanele abantu abadala.

B Iziggibo esizithathayo masizixeletwe ziitshomi zethu.

C Iziggibo esizithathayo, nokuba zincinci okanye zikhulu zichaphazela ubomi bethu. (1)

1.1.8 Gqibezela eli qhalo, Inkayi ingena ... ukucacisa le ntetho;

'Ukungena kwalo kule ndlela laqala ngesiggibo esasingenabungozi.'

(1)

Jonga kumhlathi 4

1.1.9 Uluphikisa athini umbhali olu luvo?

'Ngamanye amazwi, yonke into eza kwenzeka sele yagqitywa kwangaphambili.'

(2)

1.1.10 Chaza ukuba igama, 'ukutyholo' lithetha ukuthini? (2)

Jonga kumhlathi 5

1.1.11 Matanisa isigqibo okanye isiphumo esikuKholam B nomzekelo okuKholam A:

KHOLAM A	KHOLAM B
1.1.11.1 Ukungaphumeleli kwizifundo	A Isigqibo
1.1.11.2 Indoda eqqiba kwelo kwenza ulwaphulo-mthetho ...	B Isiphumo

(2)

Jonga kumhlathi 6

1.1.12 Eli binzana lingezantsi lizisa silumkiso sini kulutsha?

'... nokungabi nazigqibo kukwazizigqibo ezizifihlileyo.' (1)

Jonga kumhlathi 7

1.1.13 Kuluncedo njani ukuphanda ngeziphumo phambi kokwenza iziggqibo? (2)

Jonga kumhlathi 8

1.1.14 Yintoni umahluko phakathi kokucinga ngengqondo nokucinga ngeemvakalelo? (2)

Jonga kumhlathi 9

1.1.15 Kokuphi okungcono ukufuna umcebisi ombonayo nokucetyiswa ngabantu ongabaziyo? (2)

1.1.16 Olu lwazi luziswa ngumbhali kwesi sicatshulwa lubalulekile. Ngqina oku. (2)

ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO

1.2 Jonga lo mfanekiso uze uphendule imibuzo elandelayo.



- 1.2.1 Ngesivakalisi esinye bhala ngokuhubeka kulo mfanekiso. (1)
- 1.2.2 Sixhobo sini esiphethwe nguggirha wamazinyo? (1)
- 1.2.3 Ucinga ukuba esi sixhobo usixele ku 1.2.2 sifanelekile ekukhupheni amazinyo? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.2.4 Khetha impendulo echanekileyo:
- Ukuthi *lifong kong* lo gqirha umzobi uthetha ukuba;
- A Nguggirha ongumakhwekhwetha wamazinyo.
B Nguggirha ongaphelelanga.
C Nguggirha waseTshayina. (1)
- 1.2.5 Ubonakala ezimisele ukuwuvala ngantoni umngxuma lo gqirha? (1)
- 1.2.6 Uthini umyalezo odluliswa yile khathuni? (1)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO**UMBUZO 2**

Funda esi sicutshulwa silandelayo uze usishwankathelo ngokwemo yokudwelisa iingongoma. Landela le miyalelo xa ushwankathela:

- Chonga iingongoma eziphambili ezisi-7 uze uziwangcise ngendlela ehambelanayo nethungelanayo.
- Sebenzisa izivakalisi ezipheleleyo, ubhale ngawakho amazwi, ungawulahli umxholo.
- Qaphela indlela echanekileyo yokusetyenziswa kolwimi, iimpawu zobhalo nocceko.
- Ubude bomthamo wesishwankathelo mabungadluli kumagama angama-60.
- Kunyanzelekile ukuba ulibhale ngokuchanekileyo inani lamagama owasebenzisileyo ngezantsi kwesishwankathelo.

UBOMI EMVA KWEMATRIKI

Wenza ntoni wakuphumelela ibanga le-12? Abanye abafundi bayadikwa kukuphendula lo mbuzo mihla le. Nokokuba ngaba izicwangciso zakho zezokuya eKholejini, uyokufuna umsebenzi okanye uyaphumla, nazi iingcebiso onokuzilandela xa ulungiselela obo bomi.

Abanye abafundi bazazi besebancinane ukuba bafuna ukuba phi nokuba baye njani apho. Ayingomfundu wonke oqinisekayo ngezicwangciso zakhe. Abanye abafundi bakufika eKholejini benza izifundo abacinga ukuba bayazithanda ze emva konyaka bazihtintshe baqale ezinye. lingcali zithi bamalunga neepesenti ezi-75 (75%) abafundi abenza njalo. Isikolo asiyondawo yokuqequeshela ukufumana imfundo enomsila (ephakamileyo) nomsebenzi obhatala imali entle kuphela, sikwayindawo apho ufunda ukuzazi nangelizwe.

Ukuba uza kuya eKholejini kubalulekile ukuba wenze izicwangciso kwangethuba. Kufuneka wazi ukuba sesiphi isikolo ofuna ukuya kuso, uza kuyibhatalela njani imfundo yakho. Kufuneka wazi amandla akho, izinto onomdla kuzo; umzekelo: ezenzululwazi okanye ezoshishino.

Yenza uphando ngesikolo eso onomdla kuso, ungabuza kubafundi abangaphambili kuwe abafunda kweso sikolo ofuna ukuya kuso, okanye kutitshala wakho kungenjalo kwiKholeji leyo ofuna ukuya kuyo. Ungajonga nakwiwebhusayithi yeso sikolo, emva koko usindwendwele uqiniseke ukuba yindawo oya kuyithanda.

Kwabanye abafundi ukuya eKholejini akuyo nto ilula mpela, baba noloyiko. Mhlawumbi sukuba kuza kuba kokokuqala ukuba umfundu azimele, okanye akakakulungeli oko engekakulungeli nokuya kusebenza. Nokuba sesiphi na isizathu, ungaphumla konyaka olandelayo ucinge kakuhle. Oko ke kuxhaphakile kumazwe anje ngeUnited Kingdom, kwaye kwaziwa njenge 'gap year'. Nokuba ngaba uthatha ikhefu lonyaka kubalulekile ukuba uzenze izicelo zokuya kufunda eKholejini. Elo thuba lekhefu lithatthe njengethuba lokwenza izinto ongazuphinda ube nalo ithuba lokuzenza.

Oko kuya kukunceda ufumane izakhono zobomi ezinjengokucwangcisa imali, ukwenza umsebenzi wokuvolontiya njalo njalo.

Uya kuthini ukuba abazali bakho banezabo izicwangciso ngobomi bakho? Thetha nabo kakuhle ubacacisele ngezakho izicwangciso nezizathu zazo.

[Icatshulwe kwi-intanethi yaze yahlelwa]

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: ULWIMI**UMBUZO 3**

Funda esi sibhengezo-ntengiso uze uphendule imibuzo esekwe kuso.



[Ithatyathwe kwiBona Magazini: April 2012 yaza yahlelwa]

- 3.1 Sithengisa ntoni esi sibhengezo? (1)
- 3.2 Ngoobani abanokuba nomdla kwesi sibhengezo? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 3.3 Simthembisa ngaluphi uncedo umthengi esi sibhengezo? (1)
- 3.4 Chonga isivakalisi esisilumkiso esisetyenziswe ngumthengisi ukutsalela abantu kwimveliso yakhe. (1)
- 3.5 Ucinga ukuba kutheni umbhali wesi sibhengezo ewabhale ngefonti encinci amagama ...
Qalisa ukonga ngemali esukela kwi-R50? (1)
- 3.6 Umfanekiso wenenekazi uyincedise njani le ntengiso yeJust save? (1)
- 3.7 Isimamva sesenzi esikrwelelwe umgca ngaphantsi sisetyenziselwe ntoni?
Yongela amaxesha kaxakeka. (1)

3.8 Isihlomelo u 'kakhulu' kwisibhengezo usetyenziselwe ...

Khetha impendulo echanekileyo:

- A Ukucacisa isenzi.
 - B Ukunceda abantu xa bekwingxaki enkulu yemali.
 - C Sixela umntu ofuna imali.
- (1)

3.9 Bhala eli binzana, 'Uyakuyidinga' ngendlela efanelekileyo.

(1)

[10]

UMBUZO 4

Jonga le khathuni uze uphendule imibuzo elandelayo:



[Ithatyathwe kwi-intanethi yaze yahlelwa]

4.1 Unokuba uyintoni lo mntu uthetha noVakele kule khathuni? (1)

4.2 Le ndlela abuza ngayo umntu othetha noVakele kwisakhelo-1 ibonisa;

- A Ukukruquka kwesithethi.
 - B Ukvuyela kwesithethi ukubuzwa umbuzo.
 - C Ukuba nomdla wokuba athethe uVakele.
- (1)

4.3 Ucinga ukuba lo mbuzo kaVakele ufanelekile? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.4 Cacisa intetho ethi, '... uvuna obukulimile.'

4.5 Ibonisa ntoni inkangeleko yobuso bukaVakele kwisakhelo sesi-4? (1)

4.6 Xela isixhobo esingamkelekanga esikolweni esiphethwe ngumntu othetha noVakele. (1)

4.7 Kutheni kusetyenziswe uphawu lokhuzo endaweni yesingxi kwisakhelo-4? (1)

4.8 La mazwi athethwa nguVakele, 'Hayi ke libala!' abonisa ukuba uyamkele le ngcebiso? (1)

[10]

UMBUZO 5

- 5.1 Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

IsiLungu bethuna siyabasokolisa abantu!

Zizwe zakuthi ndithanda ukunixhobisa ngendlela yokuthetha isiLungu. Sisokolisa umntu, kodwa akhona amacetyana endinawo ukuze ungazilumi xa uthetha uGeorge.

Umntu makayame ngodonga xa eza kukhumsha ukwenzela ukuba xa athethe ngohlobo olungelulo angazibhaqi sele esiwa khithatha phantsi. Umfana othile ogama linguFeleba ukhe wahlazeka ezama **ukuthetha** uGeorge erestyu.

Uthe esakubona ukuba **ibala** labantu aba lapha erestyu limhlophe, **wakrwempa** intloko wangqisha ngeenyawo. Ingxaki kukuba ulibele igama lento aze kuyithenga (*ichicken*). Ube ngalicinga eli gama alaphuma tu. Uncedwe ngumntu othenga amaqanda ngokuba eve xa esithi; '*can I have eggs please*', wawubona umfanekiso wawo. Waxhuma wathi; '*Yeses! I get it, just want the mother of this.*' Watsho ekhomba amaqanda.

[Ithatyathwe kwiSkawara News: Tshazimpuzi]

- 5.1.1 Khetha isimelabizo sibe sinye kwesi sicutshulwa singentla uxele nodidi lwaso. (2)
- 5.1.2 Isimamva u-**ana** obhalwe ngqindilili kwisibizo, 'amacetyana' sibonisa ntoni? (1)
- 5.1.3 Dibanisa ezi zivakalisi zibini ngokusebenzisa igama elikwisibiyeli. Abantu mabafundiswe. Abantu abasazi isiNgesi. (kuba) (1)
- 5.1.4 Nika uhlobo lwenzenzi esibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi UFeleba wahlazeka ezama **ukuthetha** uGeorge. (1)
- 5.1.5 Bhala phantsi igama elisisihlomelo sendawo esilapha kwesi sicutshulwa singentla. (1)
- 5.1.6 Sebenzisa igama, 'ibala' kwisivakalisi ukuze kuvele intsingiselo eyahlukileyo kule ikwisicatshulwa. (1)
- 5.1.7 Kwesi sicutshulwa singentla kukho amagama angapelwanga kakuhle, walungise uwabhale ngendlela efanelekileyo. Bhala igama elo kuphela. (3)


5.1.8 Chaza umahluko oziswa yindlela abhalwe ngayo amagama akrwelelwego umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi.

Le nto yokulibala igama lento oze kuyithenga yenziwa kukuza xakekisa. (2)

5.1.9 Xela udidi l'wesichazi esikrwelelwego umgca ngaphantsi esilapha kwesi sicatshulwa. (1)

5.1.10 Nika isithethantonye segama, 'wakrwempa' kwesi sicatshulwa. (1)

5.2 Jonga lo mfanekiso uze uphendule imibuzo elandelayo.



[Ithatyathwe kwiBona Magazini, Epreli 2012]

5.2.1 Bhala isininzi segama, 'ikhaya'. (1)

5.2.2 Igama elithi, 'ibhotwe' linika umfanekiso wokuba yindlu enjani le?

Khetha impendulo yakho kwezi:

- A Yindlu enefestile ezinkulu.
- B Yindlu enkulu entle.
- C Yindlu yasedolophini. (1)

5.2.3 Guqla esi sivakalisi sibe kwimo elandulayo.

UAaron uvule izandla. (1)

5.2.4 Lungisa igama elikwizibiyeli kwisivakalisi esingeantsi lifundeke kakuhle.

Umfana (ukonwaba) phambi kwendlu yakhe. (1)

5.2.5 Guqla le ntetho ibe kwingxelo-ntetho. Qala ngolu hlobo:
UAaron uthe ...

UAaron uthi, 'Izulwana lam linamagumbi amabini okulala.' (2)
[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 40
AMANQAKU EWONKE: 80



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOZA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESIBINI (P2)

IMEMORANDAM

NOVEMBA 2013

AMANQAKU: 70

Le memorandam inamaphepha angama-21.

ICANDELO A: INOVELI

UMBUZO 1 (UMBUZO OMDE)

KUSA KUSIHLWA – KS Bongela

Umfundi kufaneleke ukuba uthatha icala ebonisa ngemizekelo ethathwa ebalini ukuba ngenene isimo sentlalo sincedisile ukupuhhlisa umxholo.

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma:

Kwintshayelelo yakhe umfundi:

- Angaxela umxholo webali ngokokubona kwakhe, andule achaze isimo sentlalo. Umxholo webali usenokuthi akusoloko kukubi kubomi bomntu, kungakubi namhlanje kube kuhle ngomso.
- Isimo sentlalo kwibali sivela ngendawo izehlo ezechla kuyo, ubume bendawo ukuvulela ukuba izehlo zehle, iimo zentlutha nendlala ezindulula abalinganiswa ukuba benze izinto ezithile, indlela ezenziwa ngayo izinto, indlela abonwaba ngayo nabonwabisana ngayo abantu, iindlela abaphethene ngazo abantu umzekelo bayalwa, bayathandana. Sikwaquka ubunjani babantu, isinxibo sabo esivumela ukwenzeka kwezinto ezithile, iinkolelo zabo kwakunye neenkolo zabo nolwimi abalusebenzisayo. Sichaphazela ixesha ezimbalini, emini, enyakeni, enyangeni, ebomini bomlinganiswa. Banokuqaphela isinxibo nezinto ezixatyiswe ngumlinganiswa othile, imozulu, umoya ophefumlwa ngabalinganiswa okanye impixano.

Kwisiyu umfundi angachankcatha kwezi ngongoma:

- Ibalu lihubeka eMlazi eThekwini naseLusikisiki ukuze ikholeleke into yokuba uLungile abe ebenokufuna umhlaba eThekwini njengoko ibubomi babantu baseLusikisiki ukuya kuma eMlazi. Yonke loo nto yenza achukumiseke uNozililo neqela lakhe bekhankanya ubuhlanga bakhe njengesizathu, kwanokugqamisa iinkolo zabantu.
- Ukufunda kukaMpumelelo eBlysthswood, kumenza aye kwisibhedlele saseGcuwa, adluliselwe eGroote Schuur ukuze aphile, kuse ebomini bakhe.
- Isikolo iFort Hare simhlanganisa noThembisa ongumfazi wakhe sitetha nje. IWentworth imnika ubugqirha, ade awelele phesheya kolwandle efundela ubungcali obuvelisa oku kusa apha kubomi bakhe.
- Ukuveza amathuba obumnyama ebomini usebenzise iindidi zabantu ezingootsotsi abaqeshwa nguNozililo amatyeli ngamatyeli. Bathi beqhekeza ivenkile, babe bezama ukutshisa ukuya kuthi ga ngokuzama ukuhlaba uMpumelelo suka bahlabane kwabodwa.
- Ngokwexesha ezimbalini ibali lenziwe laqhube ka ngexesha ekuphunyezwa ngalo umthetho onikeza abemi abaNtsundu amathuba okuba baziqhubele amashishini abo.
- Oku kugqamisa ubuhlanga obusetyenziswa njengesizathu sokunyhukula uLungile ngokufumana umhlaba atsho uNozililo asoloko embiza iMpond, ehlohlha abantu belokishi umoya wokungamxhasi kwishishini lakhe.
- Indlela abaphila ngayo abantu, abonwabisana nabonwaba ngayo ibonakala ngokuthuthelana iindaba ezibaxabanisayo kutsho kuvele ukungahlalisani kakuhle emtshatweni kaLungile.

- linkolelo zabo zivezwe ngokuba bade bathathe imoto ukuya kuthetha ngemicimbi yokutyhilwa kwamatye batsho behlelwa lilihwa lokutshela emotweni. Umbhali usikrobisa kwizinto eziza kuhla nangokusebenzisa imiqondiso ezizinja ezenza umkhulungwane, umvandedwa ophethe umntu ngamnye, amaphupha anezikhova, amaphupha azingileyo amenze ukuba athathe isigqibo sokuya kuxoxa ngomba wamatye kumntakwabo ngemoto abaggibe betshela kuyo.

linkolelo zidudulela ooNozililo ekuben i bacebe amayelenqe okuphambanisa uMpumelelo ngemithi. Oku kubenza bazingombe izifuba bacinge ukuba ngabo abaphambanise uMpumelelo kangangokuba baphumele nakwamanye angentla kweli amagumgedle. Kunjalo, uphela enyangwe ulwantwentwe lwengqondo kukhanye.

- Izinto ezixatyisiwego: Enye yezinto ezixatyisiwego yimfundo esetyenziselwe ukubonisa ukukhanya, ngokuqaqambisa uMpumelelo kwizifundo zakhe ezikhokelele kubomi obunolonwabo bukaMpumelelo kutsho kuzaliseke namazwi athethwa emngcwabeni.

Xa evala

- Usenokuveza indima edlalwa sisimo sentlalo kwibali ekupuhhliseni umxholo abewukhankanyile.
- Umzekelo isimo sentlalo xa siphuhlisa umxholo siba ngunobangela wezechlo ezechla ebalini size ngolo hlobo sifuthele phantse iphepha ngalinye kwibali side sifuthele nemixholwana ekhoyo siyenze nayo ilikhulise ngakumbi ibali.

[35]

OKANYE

UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

KUSA KUSIHLWA – KS Bongela

ISICATSHULWA A

- | | | | |
|-----|-------|----------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------|-----|
| 2.1 | 2.1.1 | Eofisini yenqununu yaseBlythswood✓/esikolweni eBlythswood.✓ | (1) |
| | 2.1.2 | Ikhankatha eligcina amakhwenkwe lafika la makhwenkwe engekho endlwini yawo yokulala ngobusuku bangoMgqibelo.✓ | (1) |
| | 2.1.3 | Abazali bakhe batsha basweleka kwingozi yemoto, ebukele.✓✓ | (2) |
| | 2.1.4 | Bakutolika ngokuba wenza amaqhingga esikhwenkwe okubaleka ityala✓/uMpumelelo uyaziphambanisa okanye uphambene.✓ | (1) |
| | 2.1.5 | Sesamhla kwakucelwe amakhwenkwe ukuba aye kucima umlilo ethafeni, wothuswa ngumlilo lowo waphaphatheka ekhala ekhwaza✓✓ngexesha ikhankatha lifika uMpumelelo elele phezu kweengubo limlayita ngesibane uye waphaphazela.✓✓ | (2) |
| | 2.1.6 | Wayengayanga emdanisweni✓ kuba wayesesikolweni ebukele ibhayaskophu.✓ | (2) |

- 2.1.7 Sisifaniso.√ (1)
- 2.1.8 Kubonisa ukuba ungumntu ozithobileyo√/ngumntwana onembeko√/
ngumntwana oqequeshekileyo√/nesimilo√/unentlonipho.√ (1)
- 2.1.9 Eyokuxakeka kakhulu kuthathwa kubekwa kungaziwa ukuba
makuthiweni√/owengqondo ebhidekileyo.√√ (2)
- 2.1.10 Ufune abantu bokujhekeza kwivenkile kaNtsibande√/
Ufune ootsotsi ukuba batshise ivenkile kaNtsibande.√/
Uthenge ootsotsi ukuba babulale uMpumelelo ngokumhlaba
emdanisweni.√ [Nasiphi isibini kwezi.] (2)
- 2.1.11 ULungile wayebizwa njengeMpondo engamkelwa eMlazi
naseGiblands ukuba aqhube ivenkile kuba engengomZulu√√/kuye
kwanyenzeleka ukuba umSuthu obeqhuba ivenkile ayishiye aye
kowabo kuba engengomZulu.√√ (2)
- 2.1.12 UNozililo uthe kuNomakhwezi uThamsanqa unika abanye abahlali
iimpahla zevenkile bengazibhatalelanga.√ (1)

ISICATSHULWA B

- 2.2 2.2.1 Ngokusetyenziswa kwamayeza namachiza (*drugs*) ngokungekho
mthethweni lulutsha lwelizwe jikelele.√ (1)
- 2.2.2 Lubaluleke ngokuba ukufumana kwakhe isidanga sePHD
kwakuxhomekeke ekwenzeni kwakhe olu phando√√/kuba umfundis
ngamnye ufanele enze uphando ukulungiselela izifundo zakhe..√√ (2)
- 2.2.3 Sisikweko.√ (1)
- 2.2.4 Abafundisi-ntsapho kanye ngeveki banika intetho kubafundi√√/ba-
odola imiboniso bhanyabhanya ebonisa ububi bokusebenzisa la
mayeza angekho mthethweni.√√ (2)
- 2.2.5 (a) C√/bayotyiwe.√
(b) A√/lilolo.√ (2)
- 2.2.6 Likwinqanaba lesisombululo.√ (1)
- 2.2.7 Wawufezekisa, kuba akazange ayeke esikolweni njengoko uyise
wathi afunde ade ayityekeze imfundov√√/wamgcina uThamsanqa,
uYolisa kunye nevenkile.√√ (2)
- 2.2.8 Ingqineka kuba nanku uMpumelelo efunde wayingcali yogqirha,
wakha isibhedlela, wazibalula kwezemidlalo nasemculweni .√√ (2)

UMBUZO 3 (UMBUZO OMDE)

UMQOL'UPHANDLE – PM Ngani

Umfundi kufaneleke ukuba uthatha icala ebonisa ngemizekelo ethathwa ebalini ukuba ngenene isimo sentlalo sincedisile ukupuhhlisa umxholo.

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma:

Kwintshayebole yakhe umfundi:

- Angaxela umxholo webali ngokokubona kwakhe, andule achaze isimo sentlalo. Umxholo webali usenokuthi ubugebenga abuhlawuli kungenjalo akukho nto ifihlakala kuphele.
- Isimo sentlalo kwibali sivela ngendawo izehlo ezechla kuyo, ubume bendawo ukuvulela ukuba izehlo zehle, iimo zentlutha nendlala ezindulula abalinganiswa ukuba benze izinto ezithile, indlela ezenziwa ngayo izinto, indlela abonwaba ngayo nabonwabisana ngayo abantu, iindlela abaphethene ngazo abantu umzekelo bayalwa, bayathandana. Sikwaquka ubunjani babantu, isinxibo sabo esivumela ukwenzeka kwezinto ezithile, iinkolelo zabo kwakunye neenkolo zabo nolwimi abalusebenzisayo. Sichaphazela ixesha ezimbalini, eminini, enyakeni, enyangeni, ebomini bomlinganiswa. Banokuqaphela isinxibo nezinto ezixatyiswe ngumlinganiswa othile imozulu, umoya ophefumlwa ngabalinganiswa okanye yimpixano.

Kwisiqo angachaphazela:

- Indawo eliqhubeka kuzo ibali yidolophu yaseMonti, kwilokishana yaseZiphunzana apho kuba lula ukuthengisa intsangu ngempumelelo.
Kuyo sifumana iMoonglow Night Club isetyenziswa njengendawo ekulula kuyo ukulukuhla abantu ukuba bangene ngelicinga ukuba iza nempucuko kubomi babo ngeli xesha bangena kweyona ngxaki.
Intsangu notywala kutshintshiselwana ngazo kwiindawo ezimnyama ezilihlathi atsho kwazi lula ukulandela msinya uHlobo ukulanda umkhondo ngamava akhe eendlela zemigewu.
ULinda noEddie bahlala kweyona ndawo iphucukileyo nekuhlala izinhantha kuyo eDankeni.
- Izinto ezixatyisiwyo: Amavili aziroadmasters kunye nedyasi emfumamfuma azahlula ngazo uLinda Monti kwabanye abantu zisetyenziswe nguThembisa ukuze ityala lisuleleke ngokukholelekayo kuLinda.
Itape recorder ebonisa ukukhula kwamaxesha neemeko abahlala phantsi kwazo abantu egcinwe kwiindawo zamafa incede ekuvezeni izenzo ezingendawo, wakhululeka uLinda etyaleni.
- Intsangu exatyiswe ngamalungu esigqeba esilawula iMoonglow Night Club yenza uthanda phakathi kwawo noEddie Maga.
- Iimeko zabo zendlala zibenza basebenzise iindlela ezingekho mthethweni ukufumana imali ezinje ngokuthengisa intsangu.
AbeMoonglow Night Club bajonga abantu baselokishini njengendlela yokufumana imali ngokusebenzisa abantu abangathathi ntweni ababhenela kwiziyobisi.
- Ixesha ebhalwe ngalo le ncwadi yiminyaka yama-1960 ezimbalini apho iinkundla bezisebenza ngohlobo oluthile, iintombi ziziphatha ngohlobo oluthile njengokuba uLinda esenza. Nangona le ncwadi yayibhalwe kudala ezi zinto zivezwayo zizinto ezisehla nanamhlanje kwakwezi meko zichazwa yincwadi. Ilenza lingabi litsha ibali, uqheleke umxholo.

- IMoonglow Night Club neRio Cinema zezinye zeendawo abantu abatsha abazonwabisa kuzo nanjengoko kwaba lula ukufumana uEddie endleleni evela eRio.
- Kule ndawo yaseMonti kukho iilokishi ezininzi esingabalula kuzo ilokishi yakuTsolo noMekeni ezixinene kakhulu ngamabobosi ezindlu ezakhiwe ngamacangci anomhlwa nemibala ngemibala yepeyinti esele ixwebile ezikhulisa umxholo ngokuthi zize nabantu abahluphekileyo abaphila ngokutya iziyobisi.
- Unxibelewano ngokubhalelana iileta kwenze ukuba uThembisa Ntlokonkulu asithele ngokubhala ileta ukuze enze ela qhinga lakhe likholeleke nangona libuye lacinywa yitape recorder nje.
- Ukuxhaphaka kweemeko zokukhulisa zizizalwana nako kwenze ikholeleke okwethutyana into yokuba le nkosikazi yakwaHobe ingathi kanti ikho.

Bangavala ngelithi:

Isimo sentlalo sichukumisa, sixhokonxe uvakalelo Iwabafundi bebali ngokuthi kwiphepha ngalinye uvakale umfutho waso.

[Naziphi na ezinye iingongoma ezichanekileyo eziphuhlisa umxholo ziya kwamkeleka]. [35]

OKANYE

UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)

UMQOL'UPHANDLE – PM Ngani

ISICATSHULWA A

- | | | | |
|-----|-------|------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------|-----|
| 4.1 | 4.1.1 | Yayikukulandela ubungqina obabunikwe nguJoe emapolisenvi/
wayeze kuphanda nzulu ngokufa kukaEddie noLulama.√ | (1) |
| | 4.1.2 | Imbukumbuku.√ | (1) |
| | 4.1.3 | Ibaluleke ngokuba ingulo mntu wesibini unedyasi efana nekaLinda
Monti.√√ | (2) |
| | 4.1.4 | Hayi, kuba lamshiya√√/wathi ephuma yabe imoto isithela
ihamba.√√ | (2) |
| | 4.1.5 | Wabona imitshithi yamavili emoto ayiRoadmasters. √ | (1) |
| | 4.1.6 | Sisifaniso.√ | (1) |
| | 4.1.7 | AyingoLinda yedwa onala dyasi imfumamfuma√/ivolovolo kaLinda
ibikhe yalahleka√/uLinda wayekwaMamkhey ngobuya busuku√/
asingoLinda yedwa osebenzisa amavili aziiRoadmasters√/uHlobو
waye wawubamba umpu ngezandla zakhe waphazamisa i'finger
prints√/akho mntu wambonayo uLinda xa wayedubula.√ | (2) |

[Nasiphi isibini kwezi.]

(2)

- 4.1.8 Kukundwendwelwa kweFemina House nguHlobo.√ (1)
- 4.1.9 Wenze ithanda phakathi koEddie namalungu alawula iMoonglow Night Club, kwakho izisongelo, wafa uEddie.√√ (2)
- 4.1.10 Wafumana ulwazi oluninzi, kwitape recorder eyabolekwa nguEddie kuJoe√√/wafumana ulwazi ngenenekazi elangena linxibe idyasi emfumamfuma efana nekaLinda Monti√√/wafumana umkhondo wamavili emoto aziiRoadmasters.√√ (2)
- 4.1.11 Uzenze uninakazi kaEddie waveza nokukrokra kwakhe kokuba uLinda ebesenokumbulala uEddie ngenxa yelifa.√√ (2)

ISICATSHULWA B

- 4.2.1 EMoonglow√/Moonglow√/Moonglow Night Club.√ (1)
- 4.2.2 Wayefuna amapolisa ahiale ethe qwa ukuze nanini xa ewafuna afumanekе√√/wayefuna unxibelelwano phakathi kwakhe namapolisa lungaqhawuki.√√ (2)
- 4.2.3 Wayengafuni kubonwa√√/kwakufuneka ukuba kungabikho mntu onokumbona.√√ (2)
- 4.2.4 Kukubanjwa kwababulali bakaEddie.√√/ULinda Monti wafumaniseka engenatyala.√√ (2)
- 4.2.5 ... wahlatywa sisithatha esibukhali ...'√/zacima izibane... √/... kusithi danyadanya√/... ilangatyana nje elingephi ...√ (1)
- 4.2.6 Lisinika umfanekiso wabantu abaphethe izinto ezininzi ezikrokrelekayo√√/umfanekiso wabantu abangootsotsi.√√
[Nayiphi na impendulo echanekileyo iya kwamkelelka]. (2)
- 4.2.7 B ixesha elide√/B√/ixesha elide.√ (1)
- 4.2.8 Ingxoxo yayingendlela abaza kuyithatha xa besisa iibhokisi zotywala emaMpondweni√√/ngonaniselwano Iwentsangu notywala.√√ (2)
- 4.2.9 Babethengisa intsangu.√ Babulala uEddie.√ (2)
- 4.2.10 Wathi makulungiswe imoto yakhe kufakwe unomathotholo inxitywe namavili amatsha√√/wathi amapolisa ze angalali akhumbule izifungo azenzayov√√/ukungaxeleli namnye koogxa bakhe asebenza ngento ayokuyenza.√ (1)
- 4.2.11 Wayevuyiswa kukuba oku kwakuza kumnika ithuba elaneleyo lokuba afumane ababulali bakaEddie noLulama√√/wayengaquinisekanga ngobungqina awayesele enabo.√√ (2)

ICANDELO B: IDRAMA

UMBUZO 5 (UMBUZO OMDE)

NDIYEKENI – DM Jongilanga

Umfundi kufaneleke ukuba uthatha icala ebonisa ngemizekelo ethathwa ebalini ukuba ngenene isimo sentlalo sincedisile ukupuhlisa umxholo.

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma:

Kwintshayebole yakhe umfundi:

- Angaxela umxholo webali ngokokubona kwakhe, andule achaze isimo sentlalo. Umxholo webali usenokuthi ungokunyokana okwenziwa kukunyolukela izikhundla.
- Isimo sentlalo kwibali sivela ngendawo izehlo ezechla kuyo, ubume bendawo ukuvulela ukuba izehlo zehle, iimo zentlutha nendlala ezindulula abalinganiswa ukuba benze izinto ezithile, indlela ezenziwa ngayo izinto, indlela abonwaba ngayo nabonwabisana ngayo abantu, iindlela abaphethene ngazo abantu umzekelo bayalwa, bayathandana. Singabalula ubunjani babantu, iinkolelo zabo kwakunye neenkolo zabo nolwimi abalusebenzisayo. Sichaphazela ixesha ezimbalini, eminini, enyakeni, enyangeni, ebomini bomlinganiswa. Banokuqaphela izinto ezixatysiswe ngumlinganiswa othile imozulu, umoya ophefumlwa ngabalinganiswa okanye yimpixano.

Kwisiqo angachaphazela:

- Umdlalo uqhubeka kwisikolo saseMdantsane. Loo meko ivumela ukuba usukuzwano olu lukholeleke kuba lolweetishala ezisebenzisa namalungu ekomiti ukulwa amadabi azo, esikolo, abantwana besikolo abasetyenziselwa ukuthengela iitishala utywala, iikhabhathi zeklasi ezizele ngamakhoba eebhotile zotywala.
- Ixesha ezimbalini libonakala ngezikolo ezisephantsi kolawulo lweekomiti njengoko kwakukhe kwanjalo ngaphambili. Liphuhlisa umxholo ngokuthi ikomiti yesikolo igqibe kwelokuba uNdila makarhoxe emsebenzini.
- UMadala obenyotywe nguNdila ukuba amthethelele njengoko eqhele ukwenza uyohluleka, agxothwe uNdila, ufezekiseke umsebenzi wobunyoka bukaMaziko wokuqala.

Izikhundla zisetyenziswa ngendlela ecinezelayo hayi eyakhayo. Usihlalo wekomiti yesikolo onguMadala wamkela izinyobo enze loo nto ifunwa ngulowo umnyobayo. UMaziko olisekela nqununu likaMawonga akafuni kuboniswane noNdila ufunu agxothwe qha ukuze kuphumelele iinjongo zakhe zokufuna isikhundla sobunqununu.

- Indlela yokonwaba yaseMdantsane yeepati nokusela nokuthandana kwamadoda atshatileyo yenza kube lula ukubambisa uMawonga ukuze impindezel kaNdila iqhubeleke. Umzekelo uNdila ucela uFuneka osisithandwa sakhe kunye noJerry ukuba bambambele uMawonga. Umenya epatini kaFuneka uMawonga, ubekelwa utywala nentokazi enguZanele engumhlobo kaFuneka ukuba athandane nayo.

- Umbhali ubonisa ukuchewula kotywala njengesimo sentlalo ngokusibonisa ukuba uMawonga naye, obezenza ngcwele ixesha eli, ungenwo ngulo mkhuba wokusela utywala enze izinto abecinga ukuba uzenza ngabom uNdila. Ude yena athandane noZanele omtyela imali edibene noFuneka noNdila ngokweyelenqe likaNdila. Buyamngena mpela utywala uMawonga, akalali ndlwini, akenzi kakuhle emsebenzini. Inkosikazi yakhe ibiza uRay ongumnakwaboMawonga kunye nonina ukuba bathethe noMawonga ngesimo sakhe. Uyabhebhetha uMawonga ngokuthi mabamyeke.
- Intlalo yokunyokana nokuphelelisana kwabaphangeli emisebenzini iveau ngoMaziko ofumana ithuba lokukhupha uMawonga esihlalweni. Uya kuMadala usihlalo wekomiti yesikolo abeke phambili imeko yokunxila kukaMawonga nokuhla komgangatho wesikolo phantsi kwesandla sakhe.
- Ukuthanda amawonga okuyintlalo yabaphangeli kwenza ukuba xa uMadala efuna ukuqonda ukuba kungafakwa bani, athi ukhona yena Maziko. UMadala ufuna amnyobe ukuze asifumane isikhundla sobunqununu.

Xa evala

- Usenokuveza indima edlalwa sisimo sentlalo kwibali ekupuhhliseni umxholo abewukhankanyile. Umzekelo isimo sentlalo xa siphuhlisa umxholo siba ngunobangela wezechlo ezechla ebalini size ngolo hlobo sifuthele phantse iphepha ngalinye kwibali side sifuthele nemixholwana ekhoyo siyenze nayo ilikhulise ngakumbi ibali.

[Naziphi na ezinye iingongoma ezichanekileyo eziphuhlisa umxholo ziya kwamkeleka].

[35]

OKANYE

UMBUZO 6 (UMBUZO OMFUTSHANE)

NDIYEKENI – DM Jongilanga

ISICATSHULWA A

- | | | | |
|-----|-------|--------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------|-----|
| 6.1 | 6.1.1 | Kumagama asekualeni abhalwe bukekela✓/kumagama asekualeni akwizibiyeli✓/kula ndawo ithi "kusasa ngecawe ... ✓/kwintshayelelo.✓ | (1) |
| | 6.1.2 | C Enebhabhalaza yokunxila kwayizolo✓/C✓/Enebhabhalaza yokunxila kwayizolo.✓ | (1) |
| | 6.1.3 | Kwinqanaba lokuyondelelana komdlalo✓/ukujya kwebali.✓ | (1) |
| | 6.1.4 | Wayefuna isikhundla sobunqununu✓✓/wayefuna ukuxabanisa uNdila noLoni✓✓/wayedala ubutshaba phakathi kukaNdila noLoni✓✓/wayefuna ukuphelelisa uNdila ngomsebenzi. ✓✓ | (2) |
| | 6.1.5 | Kutheni na? O! Nkosi yam? Yehl'inglekele✓/yini kodwa le! Ndihlelwa yintoni?✓/akuzange ube nje Joe✓/azi ukuba iya kuphelela phi na le nto!✓ | |

[Nayiphi impendulo enye kwezi.]

(1)

- 6.1.6 UMawonga akakwazi ukuphakama uyawa^v/wafika wathi folokohlo.^v (1)
- 6.1.7 Bendingakhathazeka^v/bendiya kuva kabuhlungu.^v
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)
- 6.1.8 Ukuxokiswa yindoda^v/ukunxilelwa yindoda^v/ukungalali kwendoda endlwini.^v (1)
- 6.1.9 Ngumntu onobuqhophololo^v/^v/uthengisa ngenyaniso ngenxa yemali^v/^v/uyarhwaphiliza^v/^v/akayonkokeli inyanisekileyo.^v/^v
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 6.1.10 Uyayixhasa indoda yakhe^v/ume ecaleni komyeni wakhe ngalo lonke ixesha^v/akuxakwa emzini wakhe ubiza uninazala noRay^v/akacingi ngokugoduka^v/ubonisa ukudandatheka komphefumlo yindlela atshintshe ngayo umyeni wakhe.^v
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)
- 6.1.11 Wasela utywala ngakumbi^v/Waqhubekaka ekrexeza^v/akalala endlwini^v/^v/akabinanyani.^v (1)
- 6.1.12 Asiyonyani, ebesenza iqhinga kuba ebelele kwaZanele.^v/^v (2)
- 6.1.13 Wabhubha^v/wasweleka.^v (1)
- 6.1.14 Ibaphethe kakubi, iyabahlupha kakhulu.^v (1)
- 6.1.15 Uthetha ngento engakhange ibekho.^v/^v (2)
- 6.1.16 Wayengayifuni kuba akuyinikwa akayiphungi ayigqibe^v/^v/akubuzwa umbuzo nguThandiwe ufuno ikofu, egquka umkhondo efuno uThandiwe axakeke.^v/^v

OKANYE

- Wayeyifuna wasuka wakhulelwa bubuthongo erhabule kabini kathathu.^v/^v (2)
- 6.1.17 Kungokuba uMawonga wayengumkhaya kaFuneka^v/^v/wayelichule lokuququzelela izinto.^v/^v (2)
- 6.1.18 UMawonga uyanxila^v/uMawonga akalali endlwini^v/^v/uMawonga uyaxoka.^v (1)
- 6.1.19 UNdila ubecinga fanukuba umoyisile uMawonga kanti akamoyisanga uza kuziphindezelu.^v/^v (2)

ISICATSHULWA B

- 6.2 6.2.1 C kukufuna ukuthengelwa iswekile nguMawonga.√/C√/kukufuna ukuthengelwa iswekile nguMawonga.√ (1)
- 6.2.2 Uphalele√/uphelelwe ngumsebenzi√/ube linxila√/uphelelwe sisidima√/uphelelwe yimali/uxabene rhoqo nomfazi wakhe.√
[Nasiphi isibini kwezi] (2)
- 6.2.3 Kungokuba ebengekho uZanele isithandwa sakhe√/isithandwa sakhe sasiphangele.√ (1)
- 6.2.4 Ebemkrokrela ukuba akasamthandi okanye unomnye umntu.√√ (2)
- 6.2.5 Uthathe isigqibo sokuzibulala.√ (1)
- 6.2.6 Amantombazana nabafazi bafuna amadoda angenabantu ahamba odwa.√√ (2)
[35]

AMANQAKU ECANDELO B: **35**

ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

NDAKUYICELA IVUTHIWE – LL Ngewu no EZ Guqa

UMBUZO 7 (UMBUZO OMDE)

UMHLAHLO NGAMEHLO – LL Ngewu

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma:

Kwintshayeelo yakhe umfundi:

- Angachaza isimo sentlalo athi, yinkqu ndawo le liqhubeka kuyo ibali, nexesha eli liqhubeka ngalo ngokwasezimbalini. Umxholo webali ngowokuba iinkundla zeli xesha lokhanyo zikholelwya kubungqina obubonwa ngamehlo. Umxholo ongomnye ngowokuba iinkundla zamatyala ezichotshelwa ngabantu abangamadoda, zinakho ukubacinezela abasetyhini.

Kwisiqumfundu angachaphazela:

- Ngokwendawo liqhubeka kwinkundla yamatyala yeli xesha, nkundla leyo njengenkundla yeli xesha efuna ubungqina ukuze ithathe isigqibo.
- Ngokwexesha ezimbalini, licesha lokhanyo kuba limalunga nesenzo sodlwengulo esenzeka ngoMgqibelo, kwinyanga kaJulayi kunyaka we-1995.
- Ityala lichotshelwe yindedeba, kukho umtshutshisi kukho nabameli, aba bantu bangamadoda, kwaye njengeenkundla zexesha lokhanyo aba bantu bafunde umthetho obethelela ukuba ukuze ubani abe ubekwa ityala kufuneka ubungqina obucacileyo.
- Isinxibo sikaNompoxeko sibonisa isimo sentlalo seli xesha. Esi sinxibo senza ukuba abasetyhini bacinezelwe njengoko kuhlala kunjalo kwiingqondo zabadlwenguli nabomthetho. Isinxibo sikaNompoxeko, sisigqebhezana, sibangela ukuba adlwengulwe ize loo nto ibangele ukuba iinkundla zeli zimbeke ityala lesi sinxibo malunga nokudlwengulwa kwakhe.
- Uneenzipho ezinde ezilondoloziwego, njengantombazana eli xesha. Ezo nzipho ubuzwa ngazo ngummeli kaZolani isizathu sokuba angazisebenzisi xa kanti ebedlwengulwa, njengesixhobo sokuzikhushela. Loo nto yokuba kungabikho luhawu lwazo lubonakalayo kuZolani, yenza ubungqina bakhe bokuba udlwengulwe bungamkeleki enkundleni.
- Indedeba le ngumntu osemndala, ozibona izinto ngengqondo yomntu wexesha lakudala, loo nto yenza ukuba angqinelane nezinto ezichaphazela isinxibo sikaNompoxeko ezibekwa ligqwetha likaZolani.
- Indlela abonwaba ngayo abantu isetyenziselwa ukuba uNompoxeko adlwengulwe evela kukhuphiswano looNobuhle, ebusuku.
- Ixesha lemini lisetyenziselwa ukwenza ukuba uNompoxeko adlwengulwe kuhambo lwasebusuku lumenze ukuba abe lixhoba, kwaye kungabi lula ukumbona ukuze kungabikho ngqina lingumntu libonayo buceketheke ubungqina.
- Abantu neendidi zabo ezisetyenziswa libali nguggirha asiwe kuye uNompoxeko ukuze kubekho ubungqina bodlwengulo, noko ityala angaliphumeleli.
- Ummeli kaZolani usebenzisa ubungqina obubonwayo beefoto ezibonisa uZolani egonene noNompoxeko, athi bubungqina bokuba bayathandana.

- Isimo sentlalo sasenkundleni, sikhuthaza uZolani ukuba aphinde adlwengule, eqinisekile ukuba kuza kubekwa ityala elo kwibhinqa alidlwenguleyo njengesiqhelo. Ude azithembe ukuba uza kuphumelela xa wayedlwengule uNonkanyezi. Mhla ngetyala uNonkanyezi uyagwetyelwa yinkundla kuba bukho ubungqina obubonakalayo bokuba udlwengulwe.
- Uthe yena eneenzipho ezimfutshane, wazisebenzisa ekuphaleni uZolani ebusweni. Uthe enelizwi elisisitshotho kodwa wakhala ukuze aviwe, kubekho ubungqina.
- Inkundla yeli xesha lokhanyo ebimamele ityala lakhe, ibubonile ubungqina ebufunayo ukuze agwetywe uZolani.

Kwisiphelo angachaphazela:

- Umbhali usisebenzisile isimo sentlalo ukupuhhlisa umxholo wokuba amabhinqa mawaqinisekise ukuba ubungqina banele, ingakumbi kwiinkundla ezikhokelwa ngabantu abangamadoda, eziphikele ukubeka ityala kumabhinqa.

[Naziphi na ezinye iingongoma ezichanekileyo ezipuhhlisa umxholo ziya kwamkeleka]. [35]

OKANYE

UMBUZO 8 (UMBUZO OMFUTSHANE)

IZIBHOVUBHOVU ZASEBHAYI – LL Ngewu

ISICATSHULWA A

- 8.1 8.1.1 Lithetha ukuba zihamba zingenaxhala/zingoyiki mntu nanto/zazizithembile (1)
- 8.1.2 Kwalahleka uxwebhu oluneenkukacha zetyala emapoliseni. (1)
- 8.1.3 Wasidubula eqatheni endaweni yokusidubula entloko. (2)
- 8.1.4 Ulikroti/ulidela-kufa/uligorha kuba uye wamelana nazo izibhovubhovu akaziye ka zimke nezinto zakhe/uzincamile wazilwa izikrelemnqa zakuya emzini wakhe eyedwa. (2)
- [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 8.1.5 Kubomi bobukrelemnqa iseso sicingela isiqu saso/izikrelemnqa azinabuhlolo benene zidibene ngomsebenzi qha/bubomi obungakhuselekanga. (2)
- [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 8.1.6 ... impoxo. (1)
- 8.1.7 Ngumoya wonxunguphalo/wongcungcutheko/wokoyika. (1)

- 8.1.8 (a) C uvuthondaba^v/C^v/uvuthondaba.^v
- (b) B inqanaba lokujiya kwezinto^v/B^v/inqanaba lokujiya kwezinto.^v (2)
- 8.1.9 Lifundisa ukuba xa umthetho ungawenzi umsebenzi wawo kulula ukuba abantu bawuthathelle ezandleni zabo^v^v/ubugewu abuhlawuli.^v^v
- [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 8.1.10 Kungenxa yokuba ezi zikrelemnqa, ubukrelemnqa bazo bezibenza ngenkani, zihlutha izinto zabantu zingoyiki nto, namntu.^v^v
- [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 8.1.11 Sifanelekile^v, kuba izikrelemnqa zoyisiwe zemka eDikeniv^v/esinye sazo saguquka sanqwenela ukucebisa ezinye ngobomi bobugewu obuyingozi.^v

OKANYE

Asifanelekanga^v, ngeliphele nezinye zibanjiwe zohlwaywa^v/ngeliphele amapolisa ohlwayelwe ukungawenzi umsebenzi wawo^v/umfo kaMaqhzolo namadoda aseDikeni ngebohlwayelwe ukuthathela umthetho ezandleni zabo.^v

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

ISICATSHULWA B

- 8.2 8.2.1 Sesinye sezibhovubhovu zaseBhayiv^v/sesinye sezikrelemnqa zaseBhayiv^v/sisikrelemnqa/sisibhovubhovu.^v (1)
- 8.2.2 Wayeye kuqhekeza kwaMaqhzolo.^v (1)
- 8.2.3 C yokonzakala kakhulu^v/C^v/yokonzakala kakhulu.^v (1)
- 8.2.4 Baqokelele nezo zihlunu besezahlukene nenxalenye yomzimba.^v (1)
- 8.2.5 Oomabonakude^v/noonomathotholo.^v (1)
- 8.2.6 Njengonina, ukulila kwakhe bekulindeleke ukuba alilele ukonzakaliswa konyana wakhe koko yena wasuka walilela ukuba abahlaseli bengambulalanga unyana lowo wakhe.^v^v (2)
- 8.2.7 Uye wanomnqweno wokudibana nezinye izikrelemnqa ezisekwikhondo awayekulo, azilumkise.^v^v (2)

- 8.2.8 Njengabantu abangakhathaliyo √/njengabantu abangawuxabisanga umsebenzi wabo √/njengabantu abangelulo uncedo eluntwini.√/√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 8.2.9 Sasilungile, ayesindisa ubomi bawo nobeentsapho zawo kunokuba enzakale okanye afe.√/√

OKANYE

- Sasingalunganga, kuba ayefanele ukuba azilwele izinto zawo azisebenzele nzima.√/√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 8.2.10 IBhayi yenze yeedolophu ezinkulu, kukho inkolelo yokuba izikrelemnqa zasezidolphini ezinkulu zibenza ngokungafihlisiyo ubukrelemnqa.√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)
- 8.2.11 Kukuba ngamagwala √/kukusithela ngemfundo.√ (1)
- 8.2.12 Ngokuba athi engamadoda enjalo angakwazi ukukhusela izinto zawo neentsapho zawo √/√/abonakale engamabhetyebhetye ebafazini bawo.√/√ (2)
[35]

AMANQAKU ECANDELO C: **35**

ICANDELO D: ISIHOBE

VUKANI MADODA KUSILE – A Stemela: Umhleli

UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)

- 9.1 Awu!√/ngu-Awu!√ (1)
- 9.2 Indoda enelizwi eliphakamileyo√/indoda enomoya√/indoda engakhethe bala lamntu√/indoda enentliziyo enye√/enelizwi eliqaqambileyo.√
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)
- 9.3 Aqin'amadolo√/ayeka ukoyika√/ayeka ukuhlininika√/ayek'ukulila.√
[Nayiphi impendulo enye kwezi.] (1)
- 9.4 qwenge.√ (1)
- 9.5 Isekho√ kuba basekho abantu abasakholelwayo kwinyani.√

OKANYE

- Ayisekho√ kuba abanye abantu abathethi nyani ngenxa yokuthenga ubuso.√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 9.6 Owokuba iimbongi zinceda ngokuqinisa umkhosi√/ziyakwazi ukumkhuthaza umntu zimnike nethemba.√ (1)
- 9.7 Luchasaniso.√ (1)
- 9.8 Kumaphakathi.√ (1)
- 9.9 Zaziskelela, √ zazizinzisa ezihlalweni zazo√, zawuthu-thathuth'umkhosi izinja zakomkhulu.√ (1½)
- 9.10 Sesokuba iimbongi ziyaphixanisa zifunze nokufunza.√√ (2)
- 9.11 Ibek'amabala nezibakala ibabaze.√ (1)
- 9.12 Ithetha ngokudunyiswa kwemisebenzi emihle yezandla zikaThixo.√√ (2)
- 9.13 "Azi nithi bantu bani n'aba soloko bakhamisa."√ (1)
[17½]

UMBUZO 10 (UMBUZO OMFUTSHANE)

- 10.1 Kuba kukufutshane nendawo ahlala kuyo√/kaloku ahlala kufutshane nomlambo√/yindawo aphumla kuyo ngendalo yawo.√ (1)
- 10.2 Yindubule√ nexoxo.√ (2)
- 10.3 Ithetha ukuthi amasele ayeye onke kwintlanganiso√/Ithetha ukuthi amasele ayephume ngobuninzi bawo.√ (1)
- 10.4 Yindubule.√ (1)
- 10.5 Ayathetha√/ayakhahlelana√/ayabonisana ngezidla usapho√/abizwa ngokuba ngumzi kaSele√/ukubamba intlanganiso√/ukuphuma ngendlu√.
[Nasiphi isithathu kwezi.] (3)
- 10.6 Izakhe ngokusebenzisa imiqolo emihlanu kwisitanza ngasinye√√/isebenzise imvano-siphelo kwimiqolo emine yesitanza ngasinye.√√ (2)
- 10.7 B. weliso√/weliso.√/B.√ (1)
- 10.8 Ayenomsindo kakhulu√/ayecaphuka kakhulu.√ (1)
- 10.9 Hayi√ awakhuthazi kuba abanye abantu abakhuthazeki kukugxekwa.√

OKANYE

Ewe√ Angabakhuthaza abantu abasele bekuqhelile ukukhuthazwa ngokugxekwa.√/Amkhuthaza uNdubule watsho wafuna ukuya phambili.√ (1½)

- 10.10 Sisigqebelo.√ Siwudlulisa ngokuba lo kanye uthi makuyiwe phambili, kumqolo wama-20 ngulo ubaleke kuqala kumqolo we-24.√ (2)
- 10.11 Sisetyenziselwe ukubonisa ukuba isenzo sokuhlala phantsi senzeke ngokukhawuleza.√√ (2)
[17½]

OKANYE

UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)

- | | | | |
|-------|--------|-------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------|------|
| 11.1 | 11.1.1 | ... sonethi.√ | |
| | 11.1.2 | ... eli-14.√ | |
| | 1.1.3 | ... sibhozo.√ | (1½) |
| 11.2 | | Lizisa intsingiselo yokubambana√/umanyano.√ | (1) |
| 11.3 | 11.3.1 | imvano-siqalo.√ | |
| | 11.3.2 | imvano siphelo.√ | (2) |
| 11.4 | | Ukomelela√√/ukwendela√√ | (2) |
| 11.5 | | Isetyenziselwe ukubonakalisa ubunye kwabamanyeneyo.√√ | (2) |
| 11.6 | | Uthetha ukuthi izimvo zabo ziyangqinelana kwaye bamanyene√/zomelele.√ | (1) |
| 11.7 | | B Izimvo zabo zicingisisiwe√/B√/izimvo zabo zicingisisiwe.√ | (1) |
| 11.8 | | Ithetha ngazo naziphi izinto ezixabanisayo.√ | (1) |
| 11.9 | | Kunesiphumo esikukuphefumlelana ngamoya mnye√/kunesiphumo esikukuvana√/umanyano lwabo lubenza bakhule kunye.√ | (1) |
| 11.10 | | Lithetha ukuthi abamanyeneyo bayancedisana kwizinto ezibaxakayov√/abantu abazalanayo bancedisana kwizinto ezibaxakayo.√ | (1) |
| 11.11 | | Abantu abamanyeneyo bangamelana nayo nayiphi imingeni abajongene nayo.√√ | |
| | | [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] | (2) |
| 11.12 | | Ubhekisa kubo nabaphi abantu abamanyeneyo.√ | (1) |
| 11.13 | | Usebenzise isingqisho esingu-aa, bc, da, ef, gggg, hh.√ | (1) |

UMBUZO 12 (UMBUZO OMFUTSHANE)

AMANQAKU ECANDELO D: AMANQAKU EWONKE:

35
70

ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO - IRUBHRIKHI YOKUMAKISHA ISINCOKO SONCWADI

Qaphela umahluko kumanqaku anikwa umxholo xa kuthelekiswa nalawo esakhiwo nolwimi.

ULWABIWO LWEEKHOWUDI NAMANQAKU		UMXHOLO [25] Ukuchazwa kwesihloko: Ubunzulu bezimvo, ukuzathuza nokuqondwa kakuhle komsebenzi omiselweyo.	ULWABIWO LWAMANQAKU	ISAKHIWO NOLWIMI [10] Isakhiwo, sibhalwe kwaye sinikezelwe ngokungqinelanayo. Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala.
Ikhowudi 7 80–100%	Kugqwesile 20–25 amanqaku	<ul style="list-style-type: none"> - Ubonakalisa ingqiqo nolwazi olunzulu ngesihloko, nemiba yesihloko iphicothwe ngokugqwesileyo. - Isincoko siphuhlile. (90+ ukugqwesa kwenicoko). - Unike uluhlu lwezimvo olupuhhlileyo noluxhaswa ngokugqibeleyo kwitekisi. - Ubonakalisa ulwazi olupuhhlileyo lwale jenri netekisi. 	Kugqwesile 8–10 amanqaku	<ul style="list-style-type: none"> - Isincoko sakhie ngokuthungelanayo. - Intshayelelo nesiphelo zigqwesile. - Izimvo zakhie kakuhle kwaye zipuhhliswe ngokucacileyo. - Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zipuhhlile, ziyanabathekisa kwaye zigqwesile.
Ikhowudi 6 70–79%	Kuphakamile 17½–19½ amanqaku	<ul style="list-style-type: none"> - Ubonakalisa ingqiqo echanekileyo ngesihloko. Imiba yesihloko iphicothwe ngokwanelisayo. - Isincoko sicacile. - Unike uluhlu lwezimvo ezibhadlileyo nezixhaswa kakuhle kwitekisi. - Ulwazi lwejenri netekisi luyancomeka kakhulu. 	Kuphakamile 7–7½ amanqaku	<ul style="list-style-type: none"> - Isincoko sakhie kakuhle. - Intshayelelo nesiphelo ziyanomeka. - Izimvo neengcinga zilandeleka lula. - Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zingqinelana ngokuchanekileyo neenjongo zesincoko. - Isinikezelo sihle.
Ikhowudi 5 60–69%	Kuphakathi 15–17 amanqaku	<ul style="list-style-type: none"> - Ubonakalisa ingqiqo nokusiqonda kakuhle isihloko. - Uzamile ukusicacisa isincoko sakhe. - Unike uluhlu lwezimvo ezibhadlileyo, kodwa azixhaswanga ngendlela eggibeleyo. - Ulwazi lwejenri netekisi luyancomeka. 	Kuphakathi 6–6½ amanqaku	<ul style="list-style-type: none"> - Isakhiwo sicacile kwaye nezimvo zilandelelana ngokufanelekileyo. - Intshayelelo, isiphelo kunye neminye imihlathi zilungiselelwane zanamatelana kakuhle. - Ukudweliswa kwezimvo kuyalandeleka. - Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zikhangeleka zichaneke kakuhle.
Ikhowudi 4 50–59%	Kuyanelisa 12½–14½ amanqaku	<ul style="list-style-type: none"> - Uzamile ukubonakalisa ingqiqo malunga nesihloko, kodwa kukho imiba engaphuhliswanga ngokwaneleyo. - Amanye amanqaku akhe axhasa isihloko ngokwanelisayo. - Ezinye izimvo ziyaxhassa nangona ubungqina buthanda ukunganelisi ncum. - Ulwazi lwejenri netekisi lukwizinga eliphantsi. 	Kuyanelisa 5–5½ amanqaku	<ul style="list-style-type: none"> - Bukho ubungqina besakhiwo obubonakalayo. - Isincoko siyasilela ekwakhieni kwezimvo ngokulandelelana nangokunamatelana. - Iziphene zolwimi zincinci, ithoni nesimbo sokubhala zithande ukuchaneka ngokwanelisayo. - Imihlathi ithande ukuchaneka.
Ikhowudi 3 40–49%	Kuzamekile 10–12 amanqaku	<ul style="list-style-type: none"> - Umbuso uphendulwe ngokuqhelekileyo nangokungazimeli ngokupheleleyo. - Ingqiqo nokuqondwa kwesihloko kuvezwe kancinci kakhulu. - Izimvo aziphuhlanga kwaye zixhaswa kancinci ngoko kukwitekisi. - Umfundsi akakayilandeli ncum le jenri netekisi. 	Kuzamekile 4–4½ amanqaku	<ul style="list-style-type: none"> - Uyilo kunye/okanye isakhiwo zixazalala. - Izimvo azibhalwanga ngokulandelelana. - Imihlathi ixazalala. - Kukho ubungqina beziphene zolwimi. - Ithoni nesimbo zitenxile kwiinjongo zobhalo lwemfundo ephakamileyo yengqiqo.

Ikhowudi 2 30–39%	Kunzinyana $7\frac{1}{2}$–$9\frac{1}{2}$ amanqaku	<ul style="list-style-type: none"> - Akasilandeli tu isihloko. - Isincoko sibonakalisa ukuphinda-phindwa kwezimvo kwaye sithanda ukuphuma emxholweni. - Akukho zimvo zipuhlileyo, ingqiqo ixazalala/nezimvo azixhaswa ngetekisi. - Akanalo tu ulwazi lwale tekisi nejenri. 	Kunzinyana 3–$3\frac{1}{2}$ amanqaku	<ul style="list-style-type: none"> - Ukulandelelana kakuhle kwezimvo kuchatshazelwa lubhalo oluxazalala nesakhiwo esingacwangciswa ngekakuhle. - Iziphene zolwimi nesimbo esingachanekanga zibangela ukuba esi sincoko sibe sesibhalwe ngokungenampumelelo tu.
Ikhowudi 1 0–29%	Kunzima 0–7 amanqaku	<ul style="list-style-type: none"> - Isincoko sifuna ukungqinelana nesihloko kodwa izimvo kunzima ukuzilandela okanye zitenxile. - Ufumene ubunzima ekuphenduleni umbuso. Izimvo zakhe ezimbalwa ezikhangeleka zisemxholweni azinakho ukuxhaswa ngetekisi. - Akanalo tu kwaphela ulwazi lwale tekisi nejenri. 	Kunzima 0–$2\frac{1}{2}$ amanqaku	<ul style="list-style-type: none"> - Kunzima ukubona ukuba isihloko siphuhlisiwe. - Abukho ubungqina besicwangciso sesakhiwo nolandelelwano lwezimvo. - Isincoko asinayo imihlathi nonamathelwano. - Ulwimi lufe amanqe. - Ithoni nesimbo sokubhala zixazalala kwaye ziphume ecaleni.



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESIBINI (P2)

NOVEMBA 2013

AMANQAKU: 70

IXESHA: 2 iiyure

Olu viwo lunamaphepha angama-24.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uphendule imibuzo.
2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha. Yiya kwisiqulatho kwiphepha elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, yifunde le mibuzo uze ukhethe ofuna ukuyiphendula.
3. Eli phepha linama CANDELO amaNE:

ICANDELO A:	Inoveli	(35)
ICANDELO B:	Idrama	(35)
ICANDELO C:	Amabali amafutshane	(35)
ICANDELO D:	Isihobe	(35)
4. Landela imiyalelo ngononophelo ekuqaleni kwecandelo ngalinye.
5. Phendula umbuzo ube mNYE nakweliphi ICANDELO kula, A, B no C. Phendula imibuzo ibe miBINI kwiCANDELO D.
6. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
7. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.
9. Ingcebiso yokulawula ixesha: Sebenzisa imizuzu engama-60 kwicandelo ngalinye.

IPHEPHA LESIQU LATHO

Eli phepha liza kukunceda ukuba ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

ICANDELO A: INOVELI

Phendula umbuzo ube mNYE kweli Cadelo.

INANI LOMBUZO	UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
1. <i>Kusa kusihlwa</i>	Umbuzo omde	35	5
OKANYE			
2. <i>Kusa kusihlwa</i>	Umbuzo omfutshane	35	5–7
OKANYE			
3. <i>Umqol'uphandle</i>	Umbuzo omde	35	8
OKANYE			
4. <i>Umqol'uphandle</i>	Umbuzo omfutshane	35	8–10

ICANDELO B: IDRAMA

Phendula umbuzo ube mNYE kweli Cadelo.

5. <i>Ndiyekeni</i>	Umbuzo omde	35	11
OKANYE			
6. <i>Ndiyekeni</i>	Umbuzo omfutshane	35	11–14

ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

Phendula umbuzo ube mNYE kweli Cadelo.

7. <i>Umhlahllo ngamehlo</i>	Umbuzo omde	35	14
OKANYE			
8. <i>Izibhovubhovu zasebhayi</i>	Umbuzo omfutshane	35	15–17

ICANDELO D: ISIHOBE

Phendula nayiphi imibuzo emiBINI kweli Cadelo.

9. <i>limbongi zakwantu</i>	Umbuzo omfutshane	17½	18–19
OKANYE			
10. <i>Amasele phezu kodonga</i>	Umbuzo omfutshane	17½	20–21
OKANYE			
11. <i>Umanyano</i>	Umbuzo omfutshane	17½	21–22
OKANYE			
12. <i>Inkonjane</i>	Umbuzo omfutshane	17½	23–24

ULUHLU LOKUKHANGELA

ICANDELO	AMANANI EMIBUZO	INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO	PHAWULA
A: INovelis (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane)	1–4	1	
B: Idrama (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane)	5–6	1	
C: Amabali amafutshane (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane)	7–8	1	
D: Isihobe	9–12	2	

QAPHELA: Phendula umbuzo ube mNYE nakweliphi ICANDELO kula, A, B no C.
Phendula imibuzo ibe miBINI kwiCANDELO D.

ICANDELO A: INOVELI**UMBUZO 1 (UMBUZO OMDE)****KUSA KUSIHLWA – KS Bongela**

Bonisa indlela umbhali asisebenzise ngayo isimo sentlalo kule ncwadi ukupuhhlisa umxholo webali.

(240 amagama)

[35]

OKANYE**UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)****KUSA KUSIHLWA – KS Bongela****ISICATSHULWA A**

2.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Usuke waswela ukuzinza kanye ngokwenja le evalelwwe endaweni engayiqhelanga.

"Kwedini ndiyabuza. Nidibene phi nooMphongolo aba bebeye emdanisweni eNgculu?"

"Andikhange ndi ... ndi ... ndidibane nabo mfundisi."

"Ubuhamba wedwa wena ukuya khona?"

"Andikhange ndiye mdanisweni mna."

"Xa ungayanga mdanisweni ubuye phi ke?" Nkqi.

"Ngeli xesha uthi uzive uvuswa kule ndlu ingasehlathini, ubuye nini aphi, ubuye kufuna ntoni khona ushiya indawo yakho yokulala?"

"Uxolo mfundisi torho, mna andazi koko ndothuke sendivuswa kusasa ndingazi ..."

"Hayi khona, musa ukuthetha amaqhingga nento engacacanga, ube usibhadulisa ubaleka inyani. Bekutheni ukuze umke ebhayaskophu ingekaphumi? Ubusiya phi?"

Kweso sithuba ubuye waginya ingwiqi uMpumelelo, walaqaza, waphefumlela phezulu **ngokomntu onovalo** noboniswe iimbono ezoyikayo. Uthe akujonga la mehlo angaka ala madoda nembonakalo kwintsoyi yavo, waziva sele edanduluka: "Andazi!! ... andazi!! ... Yho!! ... Nqanda umlilo!! ... Umlilo ... umama ... utata ... yho!! ... Yho ... asindim!!" Oku kukhwaza kwenze ukuba iinggondo zala madoda zibethabethane kuba kumava awo akazange adibane nomntwana ophambeneyo okanye oziphambanisayo ngokuthetha into engavakaliyo aze agqibele ngokukhala edanduluka ethetha into engaqondwa mntu.

Le ndodana iyiqale le nto kancinci ngokomntu osephupheni ...

- 2.1.1 Iqhubeka phi le ngxoxo? (1)
- 2.1.2 Yintoni ebangela ukuba kubekho le ngxoxo? (1)
- 2.1.3 uMpumelelo ephakuphaku nje kungenxa yento eyehlela abazali bakhe. Cacisa. (2)
- 2.1.4 Ukukhala kukaMpumelelo kwatolikwa njani ngoxitshala? (1)
- 2.1.5 Chaza esinye isiganeko esiye saphakuzela uMpumelelo esikolweni. (2)
- 2.1.6 Ngokolwazi lwakho lwebali ingaba uMpumelelo wayeyile emdanisweni? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 2.1.7 Safobe sini esi sibhalwe ngqindilili? (1)
- 2.1.8 Ukuphendula ngokuthi, "Uxolo mfundisi torho, ..." kubonisa ntoni ngesimilo sikaMpumelelo? (1)
- 2.1.9 Umbhali usinika umfanekiso wemeko enjani ngebinzana elikrwelelwe umgca ngaphantsi? (2)
- 2.1.10 Ngaphandle kokuceba ukuphambanisa uMpumelelo, xela amanye amayelenqe amabini awenziwe nguNozililo kuye. (2)
- 2.1.11 Bonisa indlela obusetyenziswe ngayo ubuhlanga ekubangeni le venkile yakwaNtsibande. (2)
- 2.1.12 Wenza ntoni uNozililo ukuxabanisa uThamsanqa noNomakhwezi? (1)

ISICATSHULWA B

- 2.2 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

uMpumelelo uzikhetheli ukuphanda abhale ngokusetyenzisa kwamayeza namachiza (drugs) ngokungekho mthethweni lulutsha lwelizwe jikelele. Naxa ebekhe eve ngalo mkhwa emaphhepheni, naseklasini, kodwa uthe akuphuma iphulo enze uphando wafumanisa ukuba olu sebenziso mayeza luligqibile ilizwe kwaye luyoyikeka. Wafumanisa ukuba naxa ngaphambili le nkathazo yayisenzenka kwiinkontyo zezikrelemnqa, ezintolongweni, nakwiindawo ezimdaka apho kukho ubuxumbululu bodwa, kodwa namhlanje akusenjalo.

Uthe ngokuthetha neendidi ngeendidi zabantu wafumanisa ukuba eli "qhenqa" lilukuzela phantse kumzi ngamnye, nokuba ufundisiwe nokuba akufundiswanga, nokuba utyebile nokuba ulihlwempu.

Akanelanga kulenza apha eSkotlani kuphela olu phando koko ubhalele izihlobo zakhe eMerika ... Enyanisweni, abafundisi-ntsapho baxakene nale nto kangangokuba bayenze isigxina into yokuba kanye ngeveki banike intetho kubafundi okanye ba-odole imiboniso bhanyabhanya ebonisa ububi bokusebenzisa la mayeza angekho mthethweni, ngokungekho mthethweni ...

Ngenye imini, uthe esahamba-hamba apha eYunivesithi, wafika isiqhu sabafundi abafikayo bencokola beqhulana phofu kubonakala ukuba ababodwa. Kule ncoko yabo, uphawule ukuba ukho lo unxwalwayo. Lo mfo ogama linguFelix Zimri nobeyinzalelwane yaseBritane, ubengumfo othuleyo, nobeyinkomo edla yodwa. Ngenxa yokuba ebengazikhathalelanga iziyunguma zalapha, oontanga bakhe bamthathe njengesimoyoywana.

- 2.2.1 Uphanda ngantoni uMpumelelo ezifundweni zakhe? (1)
- 2.2.2 Olu phando lwenziwe nguMpumelelo lubaluleke ngantoni kwimfundu yakhe? (2)
- 2.2.3 Igama "iqhenqa" njengoko lisetyenzisiwe kwisicatshulwa sisikweko okanye sisaci? (1)
- 2.2.4 Benza ntoni abafundisi-ntsapho ukuncedana nabafundi kule ngxaki yokusebenzisa amayeza ngokungekho mthethweni? (2)
- 2.2.5 Matanisa intetho efihlakeleyo ekuKHOLAM A nentsingiselo yayo ekuKHOLAM B.

KHOLAM A	KHOLAM B
(a) Kubonakala ukuba ababodwa.	A Lilolo
(b) Nobeyinkomo edla yodwa.	B Baphumle
	C Bayotyiwe

- 2.2.6 Ngokwesi sicutshulwa, eli bali likweliphi inqanaba lesakhiwo? (1)
- 2.2.7 Ingaba uMpumelelo wawufezekisa umyolelo kayise? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 2.2.8 Ungayingqina njani? intetho ethi, "Lo mzi wakwaNtsibande udalelwé ukuba ukhonze isizwe" (2)
- 2.2.9 Kunini apho uYolisa wadlala indima yobuzali kuNomakhwezi? (2)
- 2.2.10 Ucinga ukuba kwakuza kwenzeka ntoni kwaLungile ukuba uNomakhwezi wayelamkele icebo likaLungile lokubuyela emsebenzini? (2)

[35]

OKANYE

UMBUZO 3 (UMBUZO OMDE)***UMQOL'UPHANDLE – PM Ngani***

Bonisa indlela umbhali asisebenzise ngayo isimo sentlalo kule ncwadi ukupuhhlisa umxholo webali.
(240 amagama)

[35]

OKANYE**UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)*****UMQOL'UPHANDLE – PM Ngani*****ISICATSHULWA A**

- 4.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

"Kuthe kanti ngokujika oko, iyangqisha njalo intwazana." "Inqqisha iyaphi na Joe?"

"Iphuma ngomnyango. Ndithe mandilandele, ndineenjongo zokuyinika naluphina uncedo elufunayo. Ubani ke! Imbukumbuku enjengam lo ukusindwa ngamanqatha yayingenakho ukumelana nezantya zodwenazana olunjengolo, into eyayiqhathula **ngathi ngumqalwa wehashe**. Ndathi ndiphuma yabe seyingasabonakali intomb'asemzini, sendibona kuphela imoto eseyitsala nayo ngokwayo".

"Andiyazi nento eyabangela ukuba ndime apho ndingabuyeli kwaseholweni kuba into yokubukela umntu oshiywe yintaka yakhe yayingafuni mna. Kodwa ke ndema ..."

"Ndayibukela ke loo moto ibetha kuhle ukusinga ngakwesi singa singena kuso ngoku, ihamba kanye ngale ndlela sikuyo ngoku. Yema kanye kwesi sithuba, yacinywa, kushiywa ezingasemva izibane zilinengenenge elibomvu. Ethubeni, nazo zibe zacinywa".

Ndiqonde ngoko ukuba indiphulukile le nzwakazi. Naako ndinyoshoza ukubuyela kwakumboniso endandiwushiye ndisawuthanda kakade.

... Phofu ndiqale ngokuchwetha omnye wobhokili bam basemnyango ndifuna ukuqonda bucala ukuba singaba sasikho na isizathu esibangele ukuba bangalincredi elaa nenekazi. Undixelete ukuba lilo elathi maliyekwe, liza kuzifunela isihlalo-nasezihlalweni, esithandwa lilo! Ndibuzile ukuba ibingubani na kambe inenekazi elo. Omnye uphendule wathi: Andikhange ndikhathalele nokumqwalasela loo '*styuz-mi*' ungafuni kuncedwa sithi, siqeshelwe ukunceda abantu.

- 4.1.1 Yayiyintoni injongo yotyelelo lukaHlobi emzini kajoe? (1)
- 4.1.2 Chonga igama elibonisa ukuba lo mntu uthetha apha utyebile kakhulu. (1)

- 4.1.3 Ibaluleke ngantoni le ntwazana kuthethwa ngayo nguJoe noHlobo? (2)
- 4.1.4 Ingaba uJoe waphumelela ukulincreda eli nenekazi? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 4.1.5 Nika ubungqina obutsha uHlobo awathi wabufumana kweso singa wayesiwe kuso nguJoe. (1)
- 4.1.6 Xela isafobe esisetyenzisiweyo kwibinzana elibhalwe ngqindilili kwesi sicutshulwa. (1)
- 4.1.7 Ukuba ungaligqwetha likaLinda zeziphi izinto ezimbini obunokumkhupha ngazo kwesi sityholo sokubulala uEddie noLulama? (2)
- 4.1.8 Sesiphi isiganeko esilandela emva kwesi sotyelelo lukaHlobo kwaJoe Bumba? (1)
- 4.1.9 Umba wokuthengiswa kwentsangu ube nafuthe lini ukuqhubelela phambili ibali? (2)
- 4.1.10 Ukuba nomonde kukaHlobo kuJoe lo kwaba luncedo ukuqhubelela phambili uphando lwakhe njengomcuphi. Ngqina oku ngokwasebalini. (2)
- 4.1.11 Chaza indima edlalwe nguThembisa Ntlokongkulu ekubanjweni kukaLinda. (2)

ISICATSHULWA B

- 4.2 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Uqale wajikeleza, efuna icala elinomnyango ... Uthe engekaqondi nokuba utshixiwe na, wahlatywa sisithatha esibukhali sivela ngakwicala abesiza ngalo. Naye uthe akuqwalasela, waqonda ukuba yimoto, phofu isemganyana.

Uchwechwe okwesela, gweje ngaphaya kwelo phempe, wee nca ngalo, wavelisa nje oku kwentloko esenzela ukuba ayijonge kakuhle. Ithe yakuza ngqo kuye, wanga angazichithela, umqhele wento yase "Phathaphatha" waphela nyam. Izibilini zihle akuyibona ijika seyikufuphi ephempeni. Ngelo xesha wayesicaba ukuthi nca ngaphaya kwalo. Umthandazo wakhe ibe ngowokuba kungaphumi mntu ephempeni apho.
Kwakuba mzuzu kungekho kugungquza kwanto, ...

Uwujongile loo mtyukatha we*Buick* usiya kumisa phambi kwegunjana elijongene neholo yase*Moonglow*.

Kuphume abafo bebabini, bengamaxhakaxhaka angaqondakaliyo phantsi kwamavuxavuxa eedyasi nezankwane ezitsalwe zabugquma ubuso.
 Usivile isitshixo sigwaxaza ngathi sivila umnyango wentolongo.
 Zacima izibane zemoto ebezisoloko zibakhokele. Ibe ngunyaka onesiqhuma begungquza kwelo gumbi. Kwakumana kusithi danyadanya, emva kweziqabu, ilangatyana nje elingephi lomcinga, kulandele ugoqogoqo.
 ... Ibe ngomnye unyaka onesiqhuma, kuvalwa iingcango-ezegumbi elo bebekulo nezemoto. Kukhe kwavalelwana ngaphakathi emotweni, kucaca ukuba ikho ingxoxo ekhoyo.

- 4.2.1 Xela indawo awayesingise kuyo lo kaHlolo ngobu busuku. (1)
- 4.2.2 Yintoni injongo yokuba aqale athinte amapolisa kwesi sitishi phambi kokuba ahambe? (2)
- 4.2.3 Kwakutheni ukuze lo mfo wakwaHlolo acime izibane adwabaze ebunyameni xa esiya kule ndawo uyichaze kumbuzo 4.2.1? (2)
- 4.2.4 Saba yintoni isiphumo sokufunyanwa *kwetape recorder* kweli tyala lingoEddie? (2)
- 4.2.5 Chonga ibinzana elibonisa ukuba kwakusebusuku ngale mini. (1)
- 4.2.6 Ibinzana "... bengamaxhakaxhaka angaqondakaliyo phantsi kwamavuxavuxa eedyasi nezankwane ezitsalwe zabugquma ubuso ..." lisinika umfanekiso wabantu abanjani? (2)
- 4.2.7 Khetha impendulo echanekileyo:
 Ibinzana elithi: "Ibe ngunyaka onesiqhuma," lithetha:
 A Unyaka onesiqingatha
 B Ixesha elide
 C Ixesha elifutshane (1)
- 4.2.8 Le ngxoxo babeyibambe ngaphakathi emotweni aba bantu kuthethwa ngabo kwesi sicatshulwa yayingantoni? (2)
- 4.2.9 Khankanya izinto zibe mbini ezingekho mthethweni ezenziwa ngamadoda aseMoonglow abonakala ehloniphekile ngenkangeleko nangokuthetha. (2)
- 4.2.10 UHlolo wayeyicebile kakuhle le ndlela yokubhabhisa le migewu. Khankanya into ibe nye ebonisa oko. (1)
- 4.2.11 UHlolo wayevuyiswa yintoni lakumiswa ityala lokufa kukaEddie noLulama? (2)

[35]

ICANDELO B: IDRAMA**UMBUZO 5 (UMBUZO OMDE)*****NDIYEKENI – DM Jongilanga***

Bonisa indlela umbhali asisebenzise ngayo isimo sentlalo kule ncwadi ukuphuhlisa umxholo webali.

(240 amagama)

[35]

OKANYE**UMBUZO 6 (UMBUZO OMFUTSHANE)*****NDIYEKENI – DM Jongilanga***

6.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

(Kusasa ngeCawa kungena uMawonga emzini wakhe evela ethekweni. linduma zephezolo zazingahlanjwanga ncamlca.)

- | | |
|-----------|---------------------------------------------------------------------------------------------------|
| Mawonga: | Andozeli ndiphelile. |
| Thandiwe: | Wozeliswa yintoni? |
| Mawonga: | Sukundibuza intaphane yemibuzo, Thandie.
Ikhona ikofu?
<i>(Athi xa ephakama folokohlo.)</i> |
| Thandiwe: | Kutheni na? O! Nkosi yam? Yehl'ntlekele! |
| Mawonga: | Intlekele yantoni? Saph'ikofu Thandie. |
| Thandiwe: | Yini kodwa le! Ndihlelwa yintoni?
<i>(Ebukhathazeka esenza ikofu.)</i> |
| Mawonga: | Enjengantoni Thandie? Kutheni ingathi akukakhuli nje? |
| Thandiwe: | Akuzange ube nje Joe. Ubulele phi? |
| Mawonga: | Bendilele phi? O-o-o. Bendilele ecaleni kwendlela ndonakalelw yimoto. |
| Thandiwe: | Xa ubuvela phi ungakhange uthi uyahamba nje? |
| Mawonga: | Bendiye eMtata izolo. Ndifumene abantu erenkini. |
| Thandiwe: | Ukuba le 20 m ibithetha ngelibalisa amabali.
Yile moto le ikwenze wanje? |
| Mawonga: | Kanti ibali linye imoto ibingamanga kakuhle. |
| Thandiwe: | Yeza njani apha? |
| Mawonga: | Ndincedwe ngabeLungu aphi endleleni. |
| Thandiwe: | Uncedwe ngabeLungu? Unethamsanqa.
<i>(Watsho emnika ikofu.)</i> |
| Mawonga: | Yibeke phaya ngasebhedini, ndiza kulala.
<i>(Urhabule kabini kathathu walala.)</i> |
| Thandiwe: | Azi ukuba iya kuphelela phi na le nto!
<i>(Atsho emthe ntsho elusizi.)</i> |

6.1.1 Ulwazi lokuba le ncoko iqhubeka kwaMawonga silufumana phi kwisicutshulwa?

(1)

6.1.2 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:

Xa umbhali esithi iinduma zaphezolo zazingahlanjwanga ncamlca
uthetha ukuba uMawonga wafika:

- A Esophisa entloko eneenduma.
- B Enzakele engakwazi nokuthetha.
- C Enebhabhalaza yokunxila kwayizolo.

(1)

6.1.3 Le ncoko iqhubeka kweliphi inqanaba lesakhiwo salo mdlalo? (1)

6.1.4 Injongo kaMaziko yokumpimpa uNdila kuMawonga yayiyintoni? (2)

6.1.5 UThandiwe ubonakala enonxunguphalo ngesimo sikaMawonga.
Chonga la mazwi abonisa unxunguphalo. (1)

6.1.6 Sesiphi isenzo esenziwa nguMawonga ukubonakalisa ukuba
akanamandla? (1)

6.1.7 Ukuba uMawonga noThandiwe ibingabazali bakho ubungaziva
njani? (1)

6.1.8 Bobuphi ubunzima ajongene nabo uThandiwe ngale mini? (1)

6.1.9 UMadala uyabandakanyeka ekuphelelweni ngumsebenzi nokunxila
kukaMawonga. Ungathi uMadala ngumntu onjani njengenkoheli? (2)

6.1.10 UThandiwe yinkosikazi enjani emzini wakhe? (1)

6.1.11 Ubomi bukaMawonga batshintsha njani emva kokuba ephelelwe
ngumsebenzi? (1)

6.1.12 Yinyani okanye asiyonyani ukuba uMawonga ebese abantu eMtata?
Nika isizathu sempendulo yakho. (2)

6.1.13 Saba yintoni isiphelo sikaMawonga? (1)

6.1.14 UNomasoka kunye noRay ibaphethe njani imeko yokunxila
kukaMawonga? (1)

6.1.15 Bonisa ukuchaneka kwegama, "ibali" kwimpendulo kaMawonga ethi:

"Kanti ibali linye imoto ibingamanga kakuhle." (2)

6.1.16 Ingaba uMawonga wayeyifuna nyhani ikofu? Nika isizathu
sempendulo yakho. (2)

6.1.17 Kutheni ooFuneka besebenzise uJerry xa befuna ukungenisa
uMawonga emgibeni wotywala? (2)

6.1.18 Yintoni eyenzeka kuMawonga ebangela ukuba uThandiwe athi, 'azi iya kuphelela phi na le nto? (1)

6.1.19 Amazwi kaMawonga awabhekisa kuNdila athi, "Indoda ayikhwazi ingekaphumi ehlathini," azaliseke njani? (2)

ISICATSHULWA B

6.2 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

(Zaqhuba iindibano zempelaveki kwaFuneka. UMawonga akasanunuswa ngotywala ngoku, ububiza ngokwakhe. Akasathengelwa ngoku ubetha kuye esipajini. Ngale mini simbona encokola noZanele kwaFuneka.)

- | | |
|----------|---------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------|
| Zanele: | Kunjani ngeti papa? O! Ngendikwenzela ubonanje, siyawa asinaswekile apha. Inyanga xa ithambekile ngolu hlobo sima kakubi. |
| Mawonga: | Kutheni sweetie? Akunawo nomncono lo? |
| Zanele: | Kaloku papa imali kuthi ayivumani nesipaji. (Atsho emnyusa isilevu amange.) |
| Mawonga: | Ina sweetie, thuma umntwana (Amniike imali.) |
| Zanele: | Tshotsh'ubekho papa. (Amange okwesibini, aphume esiya kuthuma umntwana, abuye angene.) |
| Mawonga: | Bekunjani ngoMgqibelo papa? |
| Zanele: | Arha, sana, ndive into embi wakungabikho. Bendililolo nje. |
| | Ungazidubi wena, kule veki ndiza kubakho ndahlukene nokuphangela ebusuku. |
| Mawonga: | Besendingxamele ukubhekabheka. |
| Zanele: | Tyhini ntombi! Kodwa akubuyanga walama? |
| Mawonga: | Andikahlangani nesikhukula okwesibini. |
| Zanele: | Ndazi phi na wethu njengokuba nje kwezi pati ninyiba izinto zabantu. |
| Mawonga: | Kutheni na namhlanje akuzithembanga? |
| Zanele: | Ukungazithembu yenye into, ookhetshe noontloyiya bazungulana neenkedama zamantshontsho. |
| Mawonga: | Amehlo am akaggobhozi kuwe Zan. Kuya kuba njalo de kufiwe. |
| Zanele: | Ligwiba lawo onke amadoda elo. Makhe ndiye kwenza iti. |

6.2.1 Khetha eyona mpendulo ichanekileyo:

Umbuzo othi, "Kunjani ngeti papa"? injongo yawo ...

- A kukubonisa uMawonga ukuba uyamthanda.
- B kukufuna ukumenzela iti.
- C kukufuna ukuthengelwa iswekile nguMawonga. (1)

6.2.2 Nika iingxaki ezimbini okumfake kuzo uMawonga ukuzama ukukholisa abahlolo bakhe? (2)

- 6.2.3 Bekutheni ukuze uMawonga abe lilolo ngoMgqibelo? (1)
- 6.2.4 Uthetha ukuthini uMawonga xa esithi, "Besendingxamele ukubhekabheka?" (2)
- 6.2.5 Akuzibona ingxaki akuyo uMawonga ekuggibeleni, uthathe isigqibo sokuyisombulula njani le meko? (1)
- 6.2.6 Nika intsingiselo yentetho ethi, "... ookhetshe noontloyiya bazungulana neenkedama zamantshontsho ngokwalapha kwisicatshulwa." (2)
[35]

AMANQAKU ECANDELO B: 35

ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

NDAKUYICELA IVUTHIWE – LL Ngewu no EZ Guqa

UMBUZO 7 (UMBUZO OMDE)

UMHLAHLO NGAMEHLO – LL Ngewu

Bonisa indlela umbhali asisebenzise ngayo isimo sentlalo kweli bali ukuphuhlisa umxholo webali.
(240 amagama). [35]

OKANYE

UMBUZO 8 (UMBUZO OMFUTSHANE)**IZIBHOVUBHOVU ZASEBHAYI – LL Ngewu****ISICATSHULWA A**

8.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Kwalile ngeny'ими ezi zikrelemnqa ziggiba kuqhuba njengesiqhelo emzini wesiqhuza somfo wakwaMaqhzolo, kanti azivumisanga ukuba umnimizzi ubesel'ezincamile ethe maxhalanga ndidleni kuba amade ngawetyala. Ziwhushiyile umnyango ebezingene ngawo zihamba ngokukhululekileyo ukuya ngasesangweni, zikhakazela zizinto zeli khaya. Zanele nje ukusondela kwelo sango beziza kuphuma kulo, umfo kaMaqhzolo wakhulula irhuluwa kwahlokomu iDike yonke. Ulibethe lavuthuluka iqatha lesikrelemnqa langathi ngamagqabi omthi ubethwe ngamatye esichothe.

Ezinye izikrelemnqa zithe zakuqonda ukuba izinto zonakele zaphel'emehlwenu, zingacelanga nendlela njengesiqhelo. Zilahle kwanto zisindisa nje ubomi bazo. Zisishiye esinye isikrelemnqa sixabe endleleni sidliwa ziintlungu zembumbulu eshiye nje ulwamvila yaggitha.

Amadoda angabamelwana athi akuva liduduma izulu lezandla, nakuba lizolile nje, azula ezindlwini exakwe ukuba aza kuzifhla phi na. Wambi azincama, akroba kancinci ngezikroba zezitshixo zeengcango zemizi yazo izibilini ziphezulu. Umfazi uqhube indoda yakhe esithi, "Yini yise kaNobani uyindoda yokwenzani xa siza kufel'endlwini ukho," iphendule indoda ngelithi, "Ngubani lo owakuxokisayo wathi ndiyindoda yezibham? Mna ndifundile nje andisosidenge, ngoko ke andinakuya ekufeni ndikubona".

- 8.1.1 Lithetha ukuthini eli binzana "... zihamba ngokukhululekileyo ..."? (1)
- 8.1.2 Kwenzeka ntoni ukuze eli tyala lezi zikrelemnqa liphelele esithubeni? (1)
- 8.1.3 UMaqhzolo wayengenanjongo yokusibulala esa sikrelemnqa wasidubulayo. Ngqina oku. (2)
- 8.1.4 Ungathi uMaqhzolo lo ungumntu onjani? Xhasa impendulo oyinikileyo. (2)
- 8.1.5 Luvo luni oluziswa ngumbhali ngobomi bobukremlenqa xa ezinye izikrelemnqa ziphela emehlwenu zishiye esinye silimele? (2)
- 8.1.6 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zikwizibiyeli.
"... zingacelanga nendlela njengesiqhelo," kusetyenziswe (isikweko/impoxo). (1)

8.1.7 Ngowuphi umoya oziswa ngala mazwi angezantsi apha kweli bali?

"... azula ezindlwini exakwe ukuba aza kuzifihla phi na. ... akroba kancinci ngezikroba zezitshixo zeengcango zemizi yazo izibilini ziphezulu."

(1)

8.1.8 Matanisa isiganeko esikuKHOLAM A nenqanaba esenzeke kulo ebalini elikuKHOLAM B.

KHOLAM A	KHOLAM B
(a) Ukudutyulwa kwesikrelemnqa ngumfo kaMaqhazolo.	A Isiphelo
(b) Ukoxuthwa ngolunya kwamadoda izinto zawo azisebenzele nzima.	B Ukuyondelelana/ukujiya kwezinto C Uvuthondaba

(2)

8.1.9 Mfundiso ni efumaneka kweli balana?

(2)

8.1.10 Kutheni umbhali ezinike eli gama, "izibhovubhovu" ezi zikrelemnqa?

(2)

8.1.11 Ingaba isiphelo seli balana usibona sifanelekile? Xhasa impendulo oyinikileyo.

(2)

ISICATSHULWA B

8.2 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Amadoda aseDikeni amyeke umfo waseBhayi ngokurhoxozela esaxhathise nje ngomxhelo omde. UKhwalo obekhalise ukhwelo wahlab' umkhosi uphinde wahlab' umkhosi, ebikela inqwelo yezigulana ukuba konakele. Isibhedlele saseDikeni asilibazisanga sakubizwa, koko sikhuphe umfo ofike esisiphekepheke ekhatshwe ngabongikazi abakhutshwe ngokwaziwa. Aba bongikazi abayithathanga le ngxwelerha koko bayiwolile ngobunono oku kwehlwempu liwola iswekile echithakeleyo. Baqokelele nezo zihlunu besezahlukene nenxalenye yomzimba.

Umfo kaMaqhazolo obeqhakamshelene nesibhedlele ukhe wabuza ukuba abongikazi abanambla na wokwazi ukuba bekuqalele enini ukuze kube nje. Kuphendule iqhaji lomongikazi ebelithe qhiwu ezo zihlunu beziqokelelwe phantsi lathi, "*Sinomdla kakhulu ukwazi ukuba bekutheni, kodwa asiyondima yethu leyo.*" Inqwelo yezigulana iwashiye amadoda aseDikeni emangalisekile ukuba umntu lo yinto ekhe iwolwe xa kunyembelekile. Achithakele ke nawo akuqonda ukuba owawo umsebenzi awuqabelisile, aza awugqithisela koogqirha ebebeza kuzama ukuthi xhwii esi sikrelemnqa ebesesikrotiyiswe ngokungakrokrisiyo kwingcwaba lalo. Isigebenga sihleli iiveki ezintathu esibhedlele saseDikeni sifumana uhoyo olungangxengwanga. Ziphele ezi veki kungabonakali kuchacha. Umfi lo ubencediswa bubuxhakaxhaka ekuphefumleni, kanti bebukho nobunye ubuxhakaxhaka ...

- 8.2.1 Ngubani lo mfo waseBhayi kuthethwa ngaye? (1)
- 8.2.2 Kwakutheni ukuze lo mfo waseBhayi abethwe de arhoxozele ngamadoda aseDiken? (1)
- 8.2.3 Igama, 'ingxwelerha', libonisa ukuba lo mfo waseBhayi wayekwimo.
- Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:
- A Yokunxila kakhulu.
 - B Yokuthetha kakhulu.
 - C Yokonzakala kakhulu. (1)
- 8.2.4 Chonga isivakalisi esithetha ukuba kwakudityaniswa iinyama zalo mfo ezazixobuke zesuka emzimbeni. (1)
- 8.2.5 Izibhovubhovu zaseBhayi zazifika zithathe ntoni emzini xa zingayifumananga imali? (1)
- 8.2.6 Yintoni eyenza ukuba ukulila komama walo mfo kube sisigqebelo? (2)
- 8.2.7 Lo mfo kuthethwa ngaye kwesi sicatshulwa ukubonakalisa njani ukuguquka apha ebalini? (2)
- 8.2.8 Umbhali ubaveze njengabantu abanjani abakwantsasana kweli bali? (2)
- 8.2.9 Ingaba sasilungile isiggibo samadoda aseDiken sokuyeka iinto zawo zithathwe ngolunya zizikrelemnqa angazilweli? Xhasa impendulo oyinikileyo. (2)
- 8.2.10 Kutheni umbhali enze ukuba ezi zikrelemnqa zibe zezaseBhay? (1)
- 8.2.11 Yintoni eyenze ukuba amadoda aseDiken abe ngamaxhoba ezibhovubhovu? (1)
- 8.2.12 Ukutshintsha kwemo-ntlalo yaseDiken ngenxa yezibhovubhovu, kusithobe njani isidima samadoda aseDiken? (2)

[35]

ICANDELO D: ISIHOBE**VUKANI MADODA KUSILE – A Stemela: Umhleli**

Phendula nayiphi imibuzo emiBINI.

UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

limbongi zakwaNtu – LT Manyase

- 1 Awu! Midak' akowethu ndiboleken' indod' ibenye.
- 2 Ndiboleken' indod' ibe ny' enelizw' eliphakamileyo,
- 3 Indod' enomoya enelizwi eliqaqambileyo.
- 4 Indod' engakhethe bala lamntu, enentliziyo enye.
- 5 Ikh' isibekel' amabala ngeembongi zakwaNtu,
- 6 Ibek' izigigaba kutsho kuthi gabu amafu.
- 7 Ndifuna indoda enomoya ethetha inyaniso.
- 8 Indod' etheth' into eyivileyo esuka embilinini.
- 9 Ingabi yinteth' ekhaphu-khaphu engenaxabiso.
- 10 Ibe yinto enokuvakala esuka entliziwensi.
- 11 Ngxatsho ke! Akungethethi nto ngeembongi zakwaXhosa.
- 12 Woba yinto ebhibhidlayo engakwazi kuxoxa.
- 13 Yizani nendoda enelizwi elibetha neleembongi,
- 14 Kub' indod' engenamoya yothetha kant' iyanyelisa,
- 15 Zon' iimbongi zakwaXhosa zifun' indoda eyingqondi,
- 16 Kuba zatheth' umnt' esemny' elizweni isizwe saneliswa.
- 17 Zabonga mandulo aqin' amagwal' ay' emfazweni.
- 18 Zawukhaphela umkhosi zawukhupha esangweni.
- 19 Zabong' emthonyameni komkhulu iinkosi zalila
- 20 Zaziskelela zazizinzisa ezihlalweni zazo.
- 21 Zawuthutha-thuth' umkhosi izinja zakomkhulu zakhwina
- 22 Aqin' amadolo kumagwala athath' imikhonto yawo.
- 23 Ath' ebelil' iinyembezi zajika zazezovuyo,
- 24 Ath' ebehlinnika, kwajika kwakokoncumo.
- 25 Ndiziselen' indod' ibe nye enehlombe kwanomoya.
- 26 Yiy' engafanel' ukum' enkundleni ityakatye ngeembongi,
- 27 Ibek' amabala nezibakala ibabaze, zokholwa.**
- 28 Ukuze ingatheth' izint' ezingayi mxhelweni kwiimbongi,
- 29 Kuba ziintw' ezikwaz' ukuphixanisa nokufunza.
- 30 Kuba ziintw' ezinokuxolelanisa nokuhunga.
- 31 Azi nithi bantu bani n' aba soloko bakhamisa,
- 32 Bedumis' imisebenzi emihle yezandla zikaThixo.
- 33 Beneliso elibukhali, besoloko bafanisa.
- 34 Bechub' iindaba bentylloza, besikhumbuza ngamasiko.

- 9.1 Kumqolo wokuqala chonga igama elibonakalisa ukuba esi sisibongo somthonyama. (1)
- 9.2 Ziziphi iimpawu ezimbini zendoda efunwa yimbongi kwisitanza soku-1? (2)
- 9.3 Xela into ibe nye ancedwe ngayo amagwala ziimbongi zakwaNtu. (1)
- 9.4 Nika isithethantonye sesifanekisozwi esinomgca ngaphantsi.
Ibek' izigigaba kutsho kuthi gabu amafu (1)
- 9.5 Ingaba indoda 'ethetha inyaniso' efunwa yimbongi ngokwalo mbongo isekho? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 9.6 Nguwuphi umyalezo odluliswa ngala mabinzana kulo mbongo?
"Zabonga mandulo aqin' amagwal' ay' emfazweni."
"Zawukhaphela umkhosi zawukhupha esangweni." (1)
- 9.7 Safobe sini esisetyenziswe kula mabinzana?
"Ath' ebelil' iinyembezi zajika zazezovuyo,
Ath' ebehlinnika, kwajika kwakokoncumo." (1)
- 9.8 Ibhekisa koobani imbongi ngamazwi athi, 'izinja zakomkhulu'? (1)
- 9.9 Chonga imisebenzi emithathu yembongi ngokwesitanza sesi-4. (1½)
- 9.10 Siphene sini esibonwa yile mbongi kwiimbongi ngokwesitanza sesi-4? (2)
- 9.11 Bonisa uphindaphindo olukumqolo wama-27 ngokulukrwelela umgca ngaphantsi. (1)
- 9.12 Yintoni onokungqina ngayo ukuba imbongi le inabo ubuKrestu? (2)
- 9.13 Caphula amazwi embongi kwisitanza sesi-4 athetha ukuba iimbongi ezi ziayakuthanda ukuthetha. (1)
[17½]

OKANYE

UMBUZO 10 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

Amasele phezu kodonga – MM Duka, M Sondlo

- 1 Ewe, phezu kodonga lomlambo,
 2 Bee dwadalala abomlambo.
 3 Uphume ngendlu umzi kaSele,
 4 Kwenziwa njalo xa konakele,
 5 Kuboniswane ngezidla usapho.
- 6 Ladum'ibandla kwahlokom'iindonga,
 7 Kukhahlelw'inkonyana yohlanga,
 8 Imbihimbishi enokukratsha,
 9 Eyathetha ngeenyoka yampatsha,
 10 Isith'iinyoka zibhejel'amasele
-
- 11 Vumbululu Xoxwazan'uNkonde,
 12 Wathetha ephezu kwasikhondo:
 "Asikaggibi minyakana simanyiwe.
 14 Uyise kaYoli uwintiwe.
 15 Ngamatatasholo amadoda akwaSele."
 16 Avunuka amadoda aguguma.
 17 Endumzela kwandila ugwaluma.
 18 Kwalamla Ndun'enkulu uNdubule:
 "Madoda inyaniso iyahlaba.
 20 Masifunzeni saphela kulo mhlaba."
 21 **Vu** phantsi iNduna kad'ibilinga.
 22 Yancin'amehlo yang'iyacinga.
 23 Kwee thu mrhutyululu werhamba,
 24 Kwaqala mcebi-cebo ukusaba.
 25 Yee zulumbele loo ndimbane.

- 10.1 Ucinga ukuba kwakutheni le ntlanganiso yakwaSele ize ibanjelwe phezu kodonga lomlambo? (1)
- 10.2 Iindidi ezimbini zamasele ezazikule ntlanganiso yi ... ne ... (2)
- 10.3 Ithetha ukuthini imbongi xa isithi:
 "Uphume ngendlu umzi kaSele". (1)
- 10.4 Kucaca ukuba le "nkonyana yohlanga" ikhahlelwayo liliphi iseles? (1)
- 10.5 Xela izinto ezintathu azenza ngokufana nabantu la masele kwizitanza ezibini zokuqala zalo mbongo? (3)

- 10.6 Chaza indlela imbongi ezakhe ngokufanayo ngayo izitanza ezibini zokuqala. (2)
- 10.7 Khetha impendulo ibe NYE echanekileyo.
- Umfanekiso ntelekelelo oziswa sisifanekisozwi, "vumbululu" ngo-...
- A wendlebe.
 B weliso.
 C wesikhumba. (1)
- 10.8 La magama, "avunuka, aguguma" athetha ukuba ayekweyiphi imo amasele? (1)
- 10.9 Ucinga ukuba amazwi kaXoxwazana akwimiqolo yama-13–15 ngamazwi akhuthazayo? Xhasa impendulo yakho. (1½)
- 10.10 Kumqolo we-20 nowe-24 imbongi ibonakalisa ubugwala ngesafobe. Sixele uze uchaze ukuba siwudlulisa njani loo myalezo. (2)
- 10.11 Sisetyenziselwe ukubonisa ntoni isifanekisozwi ezibhalwe ngqindilili kumbongo? (2)
- [17½]**

OKANYE

UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

Umanyano – ZS Qangule

- 1 Ubuholo **babo** yindima yobobo,
- 2 Ubuuhle **babo** ngamaggabi eholobo.
- 3 Zimvo **zabo** bubunzulu bolwandle,
- 4 Qilimba lwazo ntsimbi yesinyithi.
- 5 Izivondoviya zemihla zenza ingxolo,
- 6 Zigxutsha kutsho kube bubutyobo.
- 7 Bona basala beme nje ngezikhondo,
- 8 Kaloku ezantsi iingcambu zibambene.
- 9 Zavela ziphefumlelana ngamoya **mnye**,
- 10 Kuba zingqubeka matyen'i manye,
- 11 Ningalibali zintshula mbewini **inye**,
- 12 Kwasekuqalen'i zihamba ndlela **inye**,
- 13 Bathi igazi liyajiya kunamanzi,
- 14 Kanti iingcambu ziyakufunxa okumanzi.

- 11.1 Gqibevela esi isivakalisi ngokufakela amagama akwibhokisana kwindawo efanelekileyo.

mbongo nkcazo; eli-14; ingxaki; sibhozo; sonethi;
 emithandathu; isiphumo

Lo mbongo uyi (11.1.1) ... kuba unemiqolo (11.1.2) ... kwaye imiqolo e (11.1.3) ... yokuqala ibizwa ngokuba yi-okthevi. (1½)

- 11.2 Nika intsingiselo eziswa ligama "yobobo" kumqolo woku-1. (1)
- 11.3 Uphindaphindo olukwizandi zokuqala kwimiqolo woku-1 nowesi-2 lubizwa ngokuba (11.3.1) ... luze olukumagama okugqibela kwakule miqolo lubizwe ngokuba (11.3.2) ... (2)
- 11.4 Isafobe esisetyenziswe kumqolo we-7 siphuhlisa ntoni? (2)
- 11.5 Isetyenziselwe ntoni imvano-siphelo ephawulwe ngqindilili kule kwatreni? (2)
- 11.6 Uthetha ukuthini umbhali xa esithi:
"Izimvo zabo ziluqilimba njengesinyithi?" (1)
- 11.7 Khetha impendulo echanekileyo ibe nye.
Xa kusithiwa, "izimvo zabo bubunzulu bolwandle" kuthethwa ukuba:
 A Izimvo ziyangqinelana.
 B Izimvo zabo zicingisisiwe.
 C Izimvo zabo bazaenza ngaselwandle. (1)
- 11.8 Ithetha ngantoni imbongi ngegama "izivondoviya"? (1)
- 11.9 Imbongi ithi kunasiphi isiphumo ukungqubeka matyeni manye? (1)
- 11.10 Nika intsingiselo yomqolo we-13 othi, "... igazi liyajiya kunamanzi" ngokwalo mxholo? (1)
- 11.11 Yiyiphi imfundiso efumaneka kulo mbongo? (2)
- 11.12 Umbhali ubhekisa koobani ngamagama akrwelelwe umgca ngaphantsi? (1)
- 11.13 Sidaleke njani isingqisho kulo mbongo? (1)
- [17½]**

OKANYE

UMBUZO 12 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

Inkonjane – VV Sigonya

- 1 Ndayibon' indand' ipheph' okwengelosi.
- 2 Ndayibanga ngeliso ndathi yeyam.
- 3 Mpiko zayo zaphendlwa-phendlwa;
- 4 Ngumoy' ongephi zityhil' ubumbeje-mbeje.

- 5 Ndayibonga ndaggiba ngentliziyo.
- 6 Ndafihl' izikhwazo ndisoyik' uluntu.
- 7 Yandimemez' ibik' udaba.
- 8 Yavakal' intlontl' ingqay' ubomi bam.

- 9 Wavakal' umoya wentumekelelo.
- 10 Zagungq' iingcango zentliziyo.
- 11 Lwabesh' uvalo lundityel' uba yeyam.
- 12 Umoya wembala nawo wandingqinela.

- 13 Ndayondela; ndayijonga; ndayiphonononga;
- 14 Ndafik' iyimfezek' ingqibelelo.
- 15 Yayizotyiwe ngenene ngemini yehlobo.
- 16 Yabuthabatha bonk' ubume bam.

- 17 Ndalamu ndakondela eso sihlwithi.
- 18 Ndadandatheka ndakubon'eso sifuba.
- 19 Ndaubon'umandlalo **wenzala yam** umtyinga-tyingana.
- 20 Isisila sona sixhentsa mva.

- 21 Luqhotyoshwe kweso sithuba ke olu lwimi.
- 22 Ndithethe ndaggiba kodwa hayi intlokomo.
- 23 Ndazibona ndindodwa ndisemehlwen' oluntu.
- 24 Ndanyalasa; ndingqola-ngqola; ndibheshuza;
- 25 Ngomphefumlo ndingaboni mntu.

- 26 Manqina mani na la andicaf' umphefumlo?
- 27 Nzipho zini na ezi zindikrwemp' ulonwabo?
- 28 Ncumo luni na olu lukuwe ntakandini?
- 29 Mdiki mni lo ulele kwezo nzipho?

- 30 Ntakandini yezulu;
- 31 Ngeba wena uyinzulu;
- 32 Ngoba wena unyulu.

- 12.1 Gqibezela esi isivakalisi ngokufakela amagama akwibhokisana kwindawo efanelekileyo.

mpiko; nkonjane; tyhilwa; moyana; nto

Kwisitanza soku-1 imbongi ikhumbula umfanekiso we (12.1.1) ... ebhabhayo ethe yaku (12.1.2) ... iimpiko zayo ngu (12.1.3) ... kwavela obona buhle bayo.

(1½)

- 12.2 Kwisitanza soku-1 imbongi isebezincise liph i gama ukubonisa ukuba inkonjane lichule lokubhabha?

(1)

- 12.3 "Lwabesh' uvalo lundityel' uba yeyam."

Bhala isithethantonye segama elinomgca ngaphantsi.

(1)

- 12.4 Matanisa isafobe kunye nomqolo.

KHOLAM A	KHOLAM B
12.4.1 Ndayibon'indanda ipheph' <u>okwengelosi.</u>	A Isimntwiso
12.4.2 <u>Ncumo luni</u> na olu lukuwe ntakandini?	B Isifaniso C Isihlonipho

(2)

- 12.5 Ifana njani intsingiselo yomqolo wesi-5 neyomqolo wama-22?

(2)

- 12.6 Kwisitanza sesi-5 yintoni ebangela ukuba imbongi isebezincise ibinzana, "wenzala yam" xa ithetha ngenkonjane?

(2)

- 12.7 Emva kokufundisisa wonke umbongo, nika naziphi na iimpawu ezimbini zenkonjane?

(2)

- 12.8 Xa kusithiwa yimfezek'ingqibelelo kwisitanza sesi-4 kuthethwa ukuthiwani?

(1)

- 12.9 Xhasa ngobungqina obukulo mbongo ukuba imbongi nayo ikholelwa ukuba inkonjane inobungcwele.

(2)

- 12.10 Injani imo yembongi kulo mbongo uwonke?

(1)

- 12.11 Chaza injongo yokuphindaphindwa kombuzo buciko kwisitanza sesi-6?

(2)


[17½]

AMANQAKU ECANDELO D:

35

AMANQAKU EWONKE:

70



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

NOVEMBA 2012

IMEMORANDAM

AMANQAKU: 100

Le memorandam inamaphepha ali-11.

ICANDELO A: IZINCOKO

UMBUZO 1

- 1.1 Luxanduva lukaRhulumente ukufundisa abantu indlela yokunqanda ungciliseko kwiindawo abahlala kuzo.

Isincoko esibalisayo/esichazayo/esixoxayo/esixoxela amacala amabini ngokulinganayo/esicamngcayo.

- Umfundu angabeka uluvo lwakhe aluxoxele ezixhasa ngemizekelo.
- Angathatha icala, axhase okanye achase ezathuza.
- Unokuchaza uxanduva olumele ukuthathwa nguRhulumente.
- Ingxoxo yakhe kufuneka iyondelelane ikhatsu zizizathu nemizekelo ephilayo yeemeko ezaziwayo okanye izinto ezenzekayo.
- Angabonakalisa ulwazi olunzulileyo ngale nto athetha ngayo nokukwazi ukuhluza nokuqiqa.
- Angachaza iindidi zongcoliseko lwendawo, olomoya, olwamanzi njalo njalo.
- Angavelela iindlela ezinokusetyenziswa nguRhulumente ukunqanda ungciliseko.
- Makasebenzise ulwimi oluchukumisayo lwengxoxo okanye ulwimi lokuchaza nemifanekiso-nqondweni.

[50]

- 1.2 Izinto ezenziwa ngabahlali bendawo yam ukuphucula intlalo yabo.

Isincoko esibalisayo/esichazayo/esixoxayo/esixoxela amacala amabini ngokulinganayo/esicamngcayo.

- Umfundu unokuchaza izinto azibonayo ezenzekayo nezaziwayo.
- Unokubonakalisa isakhono sokuthelekisa izinto okanye iimeko, nokuba neliso lokuziqaphela izinto.
- Unokuqala athethe ngemeko ebe kuyiyo ngaphambili.
- Unokuchaza iingxaki ezisekuhlaleni ngenxa yale meko.
- Mayibe zizinto ezakhayo neziyiphuculayo le meko ibikade ikho.
- Umfundu unokuthetha nangantoni eyenziwa ngabahlali bendawo yakhe.

[50]

- 1.3 Imibono endinayo ngam xa ndiphangela.

Isincoko esibalisayo/esichazayo/esixoxayo/esixoxela amacala amabini ngokulinganayo/esicamngcayo.

- Umfundu unokubonakalisa ukukwazi ukutolika imibono yakhe ngamazwi/ ngamagama.
- Unokubonakalisa ukucinga nzulu nokuqiqa ngokuzithatha azibekwa kwiqondo elingentla ngokweengcinga.
- Unokuxela izizathu ezibangela ukuba abe nale mibono anayo.
- Unokuelisa indlela eya ekufezelekeni imibono yakhe.
- Makabhale kwixesha elizayo.
- Makabhekise kwimeko yaxa ephangela.

[50]

1.4 Bhala isincoko esingqina la mazwi, "Umntu ngumntu ngabantu".

Isincoko esibalisyaso/esichazayo/esixoxayo/esixoxela amacala amabini ngokulinganayo/esicamngcayo.

- Angabonakalisa ukukwazi ukuyitolika le ntetho kwisincoko sakhe.
- Umfundu unokungqina le ntetho anike nemizekelo.
- Unokwenza imbalana ebonisa oku.
- Unokunika nemizekelo yabantu abaziyo.

[50]

1.5 Izinto ezinokwensiwa liSebe leMfundo, abazali nootitshala ukuncedisa abafundi bebanga le-12 balungele iimviwo zokuphela konyaka.

Isincoko esibalisyaso/esichazayo/esixoxayo/esixoxela amacala amabini ngokulinganayo/esicamngcayo.

- Umfundu unokuvvelisa iingxaki ezikhoyo noonobangela bokungaphumeleli kwabafundi kweli banga.
- Unokubonakalisa ulwazi ngendima edlalwa ngabantu kwezeMfundo.
- Unokuvelela iingxaki nezisombululo.
- Unokunika unobangela nesiphumo.
- Unokuchaza izinto emazensiwe liqela ngalinye kula akhankanyiwego.
- Unokubonisa ukuba ezi zinto athi mabazenze ziza kuba lunchedo njani kubafundi.
- Unokunika imizekelo ezathuza.

[50]

1.6 linkqubo zikaMabonakude aziziniki ixesha elilingana nelesiNgesi iiLwimi zesiNtu.

Isincoko esibalisyaso/esichazayo/esixoxayo/esixoxela amacala amabini ngokulinganayo/esicamngcayo.

- Unokudibanisa izimvo ezahlukaneyo, athathe isigqibo
- Unokubonakalisa ulwazi malunga nokulingana kweeLwimi ezahlukaneyo.
- Unokuvvelisa ifuthe likaMabonakude ekuphembeleleni ukukhula nokucinezeleka kweeLwimi.
- Unokunika imizekelo engqalileyo ebonisa ukuphakanyiswa kwesiNgesi kuneelwimi zesiNtu.
- Unokuvvelisa iziphumo zaloo nto kuluntu loMzantsi Afrika nakwikamva leeLwimi zesiNtu.
- Unokunika iingcebiso nesisombululo.

[50]



1.7 Jonga lo mfanekiso ungezantsi uze ubhale isincoko.

Isincoko esibalisayo/esichazayo/esixoxayo/esixoxela amacala amabini ngokulunganayo/esicamngcayo.

- Unokubonisa ukukwazi ukuzikisa ukucinga.
- Unokudibanisa umfanekiso namava okanye ulwazi analo oluthile.
- Ukhokelwa ngumfanekiso ukuxhokonxa iingcinga.
- Umfundu makanike isihloko sesincoko.

[50]

1.8 Jonga lo mfanekiso ungezantsi uze ubhale isincoko.

Isincoko esibalisayo/esichazayo/esixoxayo/esixoxela amacala amabini ngokulunganayo/esicamngcayo.

- Makabonise ukukwazi ukuzikisa ukucinga.
- Ukudibanisa umfanekiso namava okanye ulwazi analo oluthile.
- Ukhokelwa ngumfanekiso ukuxhokonxa iingcinga.
- Umfundu makanike isihloko sesincoko.

DEFPARTMENT OF BASIC EDUCATION	[50]
AMANQAKU ECANDELO A:	50
2012 - 3 - 26	
PUBLIC EXPLANATIONS	PUBLIC EXPLANATIONS

ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE

UMBUZO 2

2.1 **ILETA YOBULHOBO**

Bhalela udadewenu/umntakwenu oza kuya kudliwano-ndlebe umkhuthaze.

- Illeta inedilesi enye.
- Isibuliso
- Intshayelelo, isiqu nesiphelo.
- Angabhala izinto amakazenze namakangazenzi.
- Angamcebisa ngendlela eyiyo yokwenza udliwano-ndlebe.
- Angabhala amazwi enkuthazo.

[30]

2.2 **INTETHO ESESIKWENI**

Umhlobo wakho ufumene isipho-mali sokuya kufunda eyunivesithi. Bhala intetho yokumncoma uvuyisana naye.

- Ukubulisa
- Unokuelisa iimvakalelo zakhe ngeli thamsanqa alifumeneyo.
- Unokuchaza ukuba loo nto ithetha ukuthini ngalo ufumene isipho-mali.
- Unokuvakalisa ukuba balindele ntoni kuye bezizihlobo, kanti le ndawo afumene kuyo ilindele ntoni kuye.
- Unokuchaza imfundiso abayifundileyo kuye.
- Unokumnika amazwi enkuthazo.

[30]

2.3 INCOKO YABABINI ENGEKHO SESIKWENI

Bhala incoko phakathi kwabafundi ababini malunga nendlela yokuziphatha komfundu esikolweni ukuze angaphazamisi ilungelo labanye lokufunda.

- Amagama aba babini baqhuba le ncoko.
- Kusetyenziswa intetho-ngqo ngaphandle kweempawu zocaphulo.
- Kusetyenziswa irejista efanelekileyo.
- Unokubhala ngeemeko apho abanye abafundi banyhasha ilungelo lokufunda labanye abafundi enika nemizekelo.
- Unokuchaza ngenguqu efanele ukwenziwa ukulungisa le meko.
- Makabenze babe nezimvo ezomeleleyo macala omabini.

[30]

2.4 INQAKU LEMAGAZINI

Bhala inqaku lemagazini malunga nokubaluleka kokwenza imithambo ukuze uhiale usempilweni.

- Isihloko esitsala umdla.
- Imihlathi ibe nentshayelelo, isiqu nesiphelo.
- Umbhali makakhankanywe.
- Izinto eziza kwenzeka ngeli xesha uziqhelisa ngokwenza imithambo.
- Indlela omawuziphathe ngayo.
- Iziphumo zokwenza imithambo empilweni.

[30]

AMANQAKU ECANDELO B: 30

ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

UMBUZO 3

Bhala umhlathana omfutshane ube MNYE kweli Candelo. Umhlathana lovo ube ngamagama angama-60 – 80. Wubhale kwphepha elitsha umhlathana lovo.

3.1 IKHADI LESIMEMO

Bhala ikhadi lesimemo umeme umzala wakho ukuba abekho kwitheko lokuvuyisana nokuphumelela kwesikolo sakho kukhuphiswano lomculo.

- Makasebenzise irejista echanekileyo.
- Makaxele injongo yesimemo.
- Makabhale ixesha, indawo nomhla.
- Angabhala ibinzana eliza kutsala umdla walo mntu uza kulifunda ikhadi lesimemo.

[20]

3.2 IPOSIKHADI

Thumela umhlobo wakho iposikhadi umxelela ngendlela oziva ngayo kwisikolo ofunda kuso ibanga le-12.

- Idilesi yombhalelwa.
- Ulwimi olungekho sikweni.
- Makaxele indlela azive ngayo xa efika.
- Makanike amazwi enkuthazo kumhlobo wakhe.

[20]


3.3 ISALATHISO

Umhlobo wakho useCrowthorne, malathise indlela eya eRandburg ehamba ngendlela engu-M71.

- Nika imiyalelo ecacileyo, kuhlobo lokuyalela, ibe kwimo evumayo ikakhulu.
- Unokwalathisa ukusuka eCrowthorne ngokuthi:
 - Hamba ngendlela u-M71, ugqithe iBeaulieu ngasekunene, ekhohlo udlule iRacing Circuit. Ujike idolo/igophe wehle.
 - Yehla ngendlela u-M71, ekunene yindlela eya eLonehill, yidlule.
 - Qhubeka uhle, ugqithe ekhohlo iPaulshof.
 - Emva kokuba udlule indlela eya ePaulshof uza kufika kukho indlela enqamlezileyo ekunene kukho iMonte Casino, gqitha kwakhona uqhubeleke ngo-M71.
 - Hamba ngaphantsi kwendlela u-N1, hamba nje kancinci uza kufika kukho enye indlela enqamlezileyo, uhamba ngqo.
 - Usaqhubeleka njalo uza kufika eBryanston uziyeye ezinye iindlela ezijikajikayo.
 - Qhubeleka uhamba ngqo ngoM-71, uza kufika kwakhona kwezinye iindlela ezinqamlezileyo, hamba ungajiki.
 - Usehla unjalo uza kubona enye indlela engena ngasekunene, yidlule.
 - Usahamba njalo ufika kwindlela enqamlezileyo jika, ekunene uye ngqo eRandburg.

[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 20
AMANQAKU EWONKE: 100



ICANDELO A: IRUBHRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO (50)

ISIQUALATHO	Balaseleyo Khowudi 7 80 – 100%	Mfaneleko Khowudi 6 70 – 79%	Enomthamo Khowudi 5 60 – 69%	Anele Khowudi 4 50 – 59%	Phakathi Khowudi 3 40 – 49%	Buthathaka Khowudi 2 30 – 39%	Buhhetebhetye Khowudi 1 0 – 29%
AMANQAKU	26 – 32	22½ – 25½	19½ – 22	16 – 19	13 – 15½	10 – 12½	0 – 9½
UYILO UMXHOLO/ UMONGO NOCWANGCISO (32 AMANQAKU)	Umxholo ubonakalisa ukuhaneka kokutoliko kwestihloko. esingenamakhwiniba nesiqibeleleyo. Ubonakalisa senze isincoko saphum' izandla, lingcamango zihakaniphile zinomda. iingcina.	Umxholo ubonakalisa ukuhaneka kutoliko kwestihloko, izimvo zihadille. Isicwangciso senze kwaphuma isincoko esinika imbadia.	Umxholo ubonakalisa isincoko esanelisayo, izimvo zihalekile ziyasilela ngobunzulu. Isicwangciso, izimvo ziyanelisa.	Umxholo nocwangciso, izimvo kuzamekilo noxa nje kusekho izikroba. Isiqualatto siqhelekile sinezikhewu kunamathefwano, lingcamango uninzi iwa zo luxilumene.	Umxholo izimvo nothungelwano iwa zo kusenizima. Isicwangciso sintama ukungabekelwa kakulte. lingcamango zinqongopheli, soioko kuphindaphindwa.	Umxholo, izimvo nothungelwano iwa zo kusenizima. Isicwangciso sintama ukungabekelwa kakulte. lingcamango zinqongopheli, soioko kuphindaphindwa.	Umxholo, izimvo nothungelwano iwa zo kusenizima. Isicwangciso sintama ukungabekelwa kakulte. lingcamango, uphindaphindo nokunwenwela kude kwishihloko.
10 – 12	8½ – 9½	7½ – 8	6 – 7	5 – 5½	4 – 4½	0 – 3½	
ULWIMI, ISIMBO ENDOKUHLELA (12 AMANQAKU)	Isimbo, imvakaloziw nerejista zihambelana ngokuchanelekileyo nesihloko. Upelo, ughawulo-magama, iziphumilisi nolwimi olusulungkileyo zisetyenziswe ngokuchanelekileyo amaninzi. Ubukhulu betekisi abunazimpiso kuba kwenziwe izivakali nemihlathi zakhiwe kakuhe.	Isimbo, imvakaloziw nerejista zihambelana neemtuno zeshihloko amaninzi. Upelo, ughawulo-magama, iziphumilisi nolwimi ziqhelekile kwaye zisetyenziswe ngokungachanelekanga. Uchongo magama laphakahi. Itekisi inezipphoso ezinizi kuba kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.	Isimbo, imvakaloziw nerejista zihambelana neemtuno zeshihloko gabolala. Upelo, ughawulo-magama, iziphumilisi nolwimi ziqhelekile kwaye zisetyenziswe tenxileyo, uchongo magama luyahexa. Itekisi idlatadiaka zimposiso nangona kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.	Isimbo, imvakaloziw nerejista zihambelana neemtuno zeshihloko gabolala. Upelo, ughawulo-magama, iziphumilisi nolwimi ziqhelekile kwaye zisetyenziswe ngokungachanelekanga. Uchongo magama laphakahi. Itekisi inezipphoso ezinizi kuba kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.	Isimbo, imvakaloziw nerejista zihambelana neemtuno zeshihloko gabolala. Upelo, ughawulo-magama, iziphumilisi nolwimi ziqhelekile kwaye zisetyenziswe tenxileyo, uchongo magama luyahexa. Itekisi idlatadiaka zimposiso nangona kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.	Isimbo, imvakaloziw nerejista zihambelana neemtuno zeshihloko gabolala. Upelo, ughawulo-magama, iziphumilisi nolwimi ziqhelekile kwaye zisetyenziswe tenxileyo, uchongo magama luyahexa. Itekisi idlatadiaka zimposiso nangona kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.	Isimbo, imvakaloziw nerejista zihambelana neemtuno zeshihloko gabolala. Upelo, ughawulo-magama, iziphumilisi nolwimi ziqhelekile kwaye zisetyenziswe tenxileyo, uchongo magama luyahexa. Itekisi idlatadiaka zimposiso nangona kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.
5 – 6	5	4	3 – 4	3	2	0 – 2	
ISAKHIWO: MINHLATHI/ ZIVAKALISI/ ZIMVO NOBUDE (6 AMANQAKU)	Ubuchule nesakhono sokwakhiso kwezivakalisi zinamathelene.	Izivakalisi nemihlathi zirongqinetwano kwaye zaahlukuhlene.	Izivakalisi nemihlathi zakhiwe kakuhe.	Izivakalisi nemihlathi zithande ukuba namakhwiniha kwindawana ezithile, kouwa isincoko sona sinembada.	Izivakalisi nemihlathi zineempviso, kodwa lingcamango ziyalandeleka.	Izivakalisi nemihlathi zakhiwe buthathaka.	Izivakalisi nemihlathi nemihlathi zinobubhutyu-brutuyl kwaye azingqirelan.


PRIVATIE DAG X 110
PRAETORIA 0001

Akuvumelekanga ukufotokopaa eli phepha

Tyhila iphepha

IZINCOKO ZIYA KUHLOLWA NGOLU HLOBO:

ISIQULATHO	AMANQAKU
A: Umongo noyilo	32
B: Ulwimi, isimbo nokuhlela	12
C: Isakhwiwo	6
AMANQAKU EWONKE	50



Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Tyhila iphepha

hm


ICANDELO B: IRUBHRIKI YOKUHLOLA IMIHLATHANA EMIDE (30)

ISIQULATHO	Balaseleyo Khowudi 7 80 – 100%	Mfaneloko Khowudi 6 70 – 79%	Enonthamo Khowudi 5 60 – 69%	Anele Khowudi 4 50 – 59%	Phakathi Khowudi 3 40 – 49%	Buthathaka Khowudi 2 30 – 39%	Bubheteyebhetye Khowudi 1 0 – 29%
AMANQAKU	16 – 20	14 – 16	12 – 13	10 – 12	8 – 9	6 – 7	0 – 5
UMONGO, UYILO NEFOMATHI (20 AMANQAKU)	Umxholo, ubonakalisa ukuchaneka kokutolikwa kweshihioko. Isicwangciso senze isincoko saphum' izandla.	Umxholo, ubonakalisa ukuchaneka kutoliko lwestihloko, izimvo zibhadlie. Isicwangciso senze kwaphuma isincoko esinika imbadla.	Umxholo, isicwangciso, konke kuyanelisa.	Umxholo, nocwangciso, izimvo kuzamekile noxa nie kusekho izikroba.	Umxholo, izimvo nocwangciso, izimvo kuzamekile noxa nie kusekho izikroba.	Umxholo, izimvo nothungelwano Iwazo kusenzima. Isicwangciso sintama ukwagabiko kwenkathalo.	Umxholo, uthungelwano zimvo kuyingxaki enkulu. Isicwangciso asibonisi ngqiqo kwaye sixazalala.
ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA (10 AMANQAKU)	8 – 10	7 – 8	6 – 7	5 – 6	4 – 5	3 – 4	0 – 2
	Ingqaliselo kulwimi, iziphumilisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuyanconeka. Ubuchule konke kugqwesile. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude kuphakamile kakhulu.	Ingqaliselo kulwimi, iziphumilisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuyanconeka. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude kuphakamile kakhulu.	Ingqaliselo kulwimi, iziphumilisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuzamekile. Isakhono nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude kuphakamile kakhulu.	Ingqaliselo kulwimi, iziphumilisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuzamekile. Isakhono nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude kuphakamile kakhulu.	Ingqaliselo kulwimi, iziphumilisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuzamekile. Isakhono nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude kuphakamile kakhulu.	Ingqaliselo kulwimi, iziphumilisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kunzima kakhulu. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude asiphuhihang aqam. kakhulu.	Ingqaliselo kulwimi, iziphumilisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kunzima kakhulu. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude asiphuhihang aqam. kakhulu.

IMIHLATHI EMIDE IYA KUHLOLWA NGOLU HLOBO:


ISIQULATHO	AMANQAKU	ISITSHIXO
A: Umongo, uylilo nefomathi	20	Mong. =
B: Ulwimi, isimbo nokuhlela	10	Lwim, Simb noHlel =
AMANQAKU EWONKE	30	

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha



ICANDELO C: IRUBHRIKI YOKUHLOLA IMIHLATHANA EMIFUTSHANE (20)

ISIQUALATHO	Balaseleyo Khowudi 7 80 – 100%	Mfaneleko Khowudi 6 70 – 79%	Enomthamo Khowudi 5 60 – 69%	Anele Khowudi 4 50 – 59%	Phakathi Khowudi 3 40 – 49%	Buthathaka Khowudi 2 30 – 39%	Bubbheteybhetye Khowudi 1 0 – 29%
AMANQAKU	10 – 13	9 – 10	8 – 9	7 – 8	5 – 6	4 – 5	0 – 3
UMONGO, UYILO NEFOMATHI (13 AMANQAKU)	Umxholo, nocwangciso bubonakalisa ingqiqo nolwazi olunzulu ngesihloko.	Umxholo, ubonakalisa ukuchaneka kutoliko Iweshiolo, izimvo zibhadile; isicwangciso senze isincoko saphum'izandla.	Umxholo, ubonakalisa ukuchaneka kutoliko Iweshiolo, izimvo zibhadile; isicwangciso senze kwaphuma isincoko esinika imbadla.	Umxholo, isicwangciso, izimvo konke kuyanelisa.	Umxholo nocwangciso, izimvo kuzamekile noxa ne kusekho izikroba.	Umxholo, izimvo nothungelwano Iwazo kusenzima, Isicwangciso sintama ukungabikho kwenkathalo.	Umxholo, uthungelwano zimvo kuyingkaki enkulu; isicwangciso asibonisi ngqiqo kwaye sixazalata.
ULWIMI, SIMBO NOKUHLELA (7 AMANQAKU)	6 – 7	4 – 5	4	3 – 4	3	2	0 – 2
	Ingqaliselo kulwimi, iziphumilisi nobchongo magama nobungqina bohlelo konke kukwizinga eliphakamileyo. Ubuchule nesakhono solwakhiwo Iwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude kuphakamile kakhulu.	Ingqaliselo kulwimi, iziphumilisi nobchongo magama nobungqina bohlelo konke kuyaneleisa. Ubuchule nesakhono solwakhiwo Iwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude kukwizinga eliphakathi.	Ingqaliselo kulwimi, iziphumilisi nobchongo magama nobungqina bohlelo konke kuyaneleisa. Ubuchule nesakhono solwakhiwo Iwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude kukwizinga eliphakathi.	Ingqaliselo kulwimi, iziphumilisi nobchongo magama nobungqina bohlelo konke kuzamekile. Isakhono solwakhiwo Iwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude asipuhulanga ncam.			



Akuyumelekanga ukufotokopa eli phepha


Tyhila iphepha

mm

pp

IMIHLATHI EMIFUTSHANE IYA KUHLOLWA NGOLU HLOBO:

ISIQULATHO	AMANQAKU	ISITSHOXO
A: Umongo, uyilo nefomathi	13	Mong. =
B: Ulwimi, isimbo nokuhela	7	Lwim, Simb noHlel =
AMANQAKU EWONKE	20	





basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

NOVEMBA 2013

AMANQAKU: 100

IXESHA: $2\frac{1}{2}$ iiyure

Olu viwo lunamaphepha ama-6.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linama CANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A:	Izincoko	(50)
ICANDELO B:	Imihlathana emide	(30)
ICANDELO C:	Imihlathana emifutshane	(20)

2. Phendula umbuzo ube MNYE kwicandelo ngaliNYE
3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.
4. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/ iflowu tshathi/amagama angundoqo, njalo njalo), hlela uze ufunde kwakhona umsebenzi wakho. Uyilo malubhalwe phambi kokubhalwa kwesincoko.
6. Wonke umsebenzi woyilo mawubhalwe ucaciswe ngolo hlobo. Uyacetyiswa ukuba ukrwele umgca kulo lonke uyilo olwenzileyo.
7. Uyacetyiswa ukuba usebenzise:
- | | |
|---------------|-----------------------------|
| KWICANDELO A: | imizuzu engama-80 ubuncinci |
| KWICANDELO B: | imizuzu engama-40 ubuncinci |
| KWICANDELO C: | imizuzu engama-30 ubuncinci |
8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenziswe kwiphepha lemibuzo.
9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.
- QAPHELA: Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiwego.
10. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

ICANDELO A: IZINCOKO**UMBUZO 1**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo, uze ubhale isincoko esinamagama ali-190 ukuya kuma-240.

- | | | |
|-----|----------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------|------|
| 1.1 | Bhala isincoko esiphela ngala mazwi, 'Sahleka amathumbu abuhlungu loo mini.' | [50] |
| 1.2 | Ingaba ndim lo ukwibanga leshumi elinesibini namhlanje? | [50] |
| 1.3 | Iimpawu zenkokheli enokumela ulutsha epalamente. | [50] |
| 1.4 | Izixhobo zonxibelewano, uFacebook no Twitter ziluncedo kanti zikwanobungozi kulutsha. | [50] |
| 1.5 | 'Mabahambe aba bantu bavela kwamanye amazwe, basithathela imisebenzi yethu!' Uyahambisana okanye awuhambisani nale ntetho? | [50] |
| 1.6 | Ubusika. | [50] |
| 1.7 | Jonga lo mfanekiso ulandelayo ubhale isincoko ngawo. | |



[50]

1.8 Jonga lo mfanekiso ulandelayo ubhale isincoko ngawo.



[50]

AMANQAKU ECANDELO A:

50

ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE**UMBUZO 2**

Khetha umhlathi ube mNYE kule ilandelayo. Bhala amagama angama-80 ukuya kwi-100.

2.1 I-AJENDA NEMIZUZU

UnguNobhala wequmrhu eliquuzelela umdaniso wabafundi bebanga lematriki kulo nyaka. Bhala i-ajenda nemizuzu yentlanganiso elungiselela lo mdaniso.

[30]**2.2 INTETHO**

Umenye kwisikolo esikufutshane nesakho ukuba uyokwenza intetho yokukhuthaza abafundi baso phambi kokuba babbale iimviwo. Bhala loo ntetho uza kuyenza.

[30]**2.3 ILETA YOBUHLOBO**

Ubuye kwitheko lokunikezelwa kweembasa kwiimvumi zaseMzantsi Afrika (SAMA). Bhalela umhlobo wakho ileta umbaliselile ngako konke okuqhubelekileyo.

[30]**2.4 INGXETO**

Ubuye kwinkomfa enjongo zikukuphakamisa umgangatho wesiXhosa. NjengoMmeli wabafundi kule nkomfa, bhala ingxelo ngemiba ephambili ekugqitywe kuyo.

[30]**AMANQAKU ECANDELO B:** **30**

ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

UMBUZO 3

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo. Bhala amagama angama-60 ukuya kuma-80.

3.1 IMIYALELO

Umhlobo wakho ofunda isiXhosa ngoLwimi Lwesibini Olongezelelwego uxakiwe kukubhala ileta yobuhlobo. Mncedise ngokumnika imiyalelo yokuyibhala.

[20]

3.2 ISINGENISO SEDAYARI

Uza kuchitha iiholide engangeeveki ezintathu kwikhaya lomhlobo wakho. Bhala isingeniso sedayari sezinto oceba ukuzenza xa ulapho.

[20]

3.3 IKHADI LESIMEMO

Ucelwe ukuba umeme isithethi sembeko, size kuthetha nabafundi bebanga le-12 ngeendlela zokuziphatha njengokuba beza kudlulela edyunivesithi kunyaka ozayo. Bhala ikhadi lesimemo umeme isithethi eso.

[20]

AMANQAKU ECANDELO C:
AMANQAKU EWONKE:

20
100